Umkhokeli

Inkosi ikusikelele Mzalwana uNeville. Ndivuya kakhulu ukuba ndibesenkonzweni kwakhona ngokuhlwanje. Ndisisitshotho nje kancinane. Ibiluhlobo loMyalezo obumde ngalentsasa, nangona enyanisweni ndiyavuya ukuba kube bekulapha. Kwaye ndiWuvuyele ngokwam, i-ukuWuzisa, kwaye ndiyathemba nikuvuyele ukuWuva.

2 Musani ukulibala ngoku, hlalani nikhumbula oku, ukuba ezi zizinto ezakha isicaka sikaKristu. 'Yabona, ukholo kuqala, kuze ke isidima. Kwakhona khumbulani ngoku, uMoya oyiNgcwele awunakusicika isakhiwo sikaThixo de ezi zinto zisebenze ngoMoya. 'Yabona? Nokuba wenza ntoni na, 'yabona. Ezo zizinto ezakha uMzimba kaKristu, 'yabona, ezo zinto. Ngoku, musani ukukulibala oko, ukuba le yeyokuqala, lukholo lwakho. Isidima, ulwazi, njalo njalo, zizakongezelelwa kulo, de ubumi bukaKristu benziwe bubonakale, kuze ke uMoya oyiNgcwele uze phezu kwabo ubutywine njengoMzimba omnye. Ezi zinto ziyafuneka. Ngoko ke, uYesu wathi, "Baziwa ngeziqhamo zabo." 'Yabona, isiqhamo! Awunako ukuthwala isiqhamo ngaphandle kwezi zinto zisithwele ngaphakathi kuwe. Kuze ke xa konke oku kuthabatha indawo yokuthambekela ehlabathini kunye—kunye nokungahloneli Thixo, njalo njalo, kuze konke ukungakholwa kulahlwe ngaphandle, kuze zonke izinto zehlabathi zigqithiswe, kuthi kungabikho nto koko isisidalwa esitsha kuKristu. Kwakhona ngoko kwabase-Efese 4:30 ithi, "Kananjalo musani ukumenza buhlungu uMoya oyiNgcwele kaThixo, enathi kuye natywinwa, naqiniselwa imini yentlawulelo." Natywinelwa ebuKumkanini bukaThixo! Ngoku, musani ukukulibala oko. Yigcineni lonto engqondweni ngoku, thabathani ezi zinto kuqala. Kuze ukutywinwa ibe nguMoya oyiNgcwele, isiCiko esisitywinela kuMzimba. Kulungile.

3 Sine—isicelo ngoku sika Dade uLittle, waseChicago, umyeni wakhe ebekwingozi yesithuthi kwaye ulele kwiqondo lokufa, uDade uLittle. Kwakhona uEdith Wright, udade wethu omncinane apha esithe samazi ithuba elide kakhulu, mbi kakhulu, ekhayeni lakhe ngokuhlwa nje, kwaye bebefuna ukukwazisa oku enkonzweni ukwenzela ukuba sithandaze sonke ngesa sicelo. Ngoku ke make sithobe intloko zethu umzuzwana nje.

4 Onexabiso, uBawo wethu osemaZulwini, siyahlanganisana (ngokholo) sijikeleze iTrone kaThixo, kwakhona sicela inceba kaThixo ngazo ezi zicelo. UMzalwana uLittle, ingozi yemoto, ekufutshane nokufa. Thixo, mncede. Wanga uMoya oyiNgcwele anga secaleni komandlalo wakhe umbuyisele

kuthi, Nkosi. Kwakhona uEdith Wright omncinane ezantsi phaya, ndiyathadaza, Thixo, ukuba uMoya oyiNgcwele abe secaleni komandlalo wakhe ngokuhlwanje ambuyisele impilo yakhe kuye kwakhona. Kwenze oku, Bawo. Uzithembisile ezi zinto, kwaye siyazikholelwa. Kwaye njengokuba besicinga ngalentsasa, ukuba umgama awuthethi nto kuWe, Ukwamkhulu kwicala elinye lehlabathi njengoko unjalo kwelinye, kuba Ukho endaweni zonke, Unamandla onke, kwakhona Akunasiphelo. Kwakhona siyathandaza, Bawo, ukuba Uzivume ezi zicelo ngeGama likaYesu Kristu. Amen.

5 Ndivuya kakhulu ukuba ndibe ngaphakathi kwakhona ngokuhlwanje, kwangokunjalo. Kwaye ndiyazi kushushu. Le yimihlangano emithathu elungileyo, kwakhona yi. . . Ndiyazi abanye benu banobuninzi obunjengeemayile ezingamakhulu amahlanu abazakuziqhuba phakathi kwangoku nakusasa. Kwakhona ukuqalela emva kwangomso, ndinamakhulu alishumi elinesine endiza kuwaqhuba emva koko. Ngoko ndi—ndiyathemba ukuba ibilithuba elimnandi kuni nonke. Kwaye ibilithuba elimnandi kum lokunityelela. Kukho into enye esiyicelileyo, abaninzi kakhulu baye bajikwa kuba asinandawo, asinako ukuyixinanisa indlela ephakathi kwezitulo kakhulu, isebe lomlilo aliyikuthula ngalonto. Ngoko siyazama ngoku ukuba nenkonzo enkulwana, ukwenzela xa singaphakathi, kwakhona singanendawo yokuhlala abantu.

6 Kwaye ngoku, nangaliphina ixesha, nisoloko namkelekile apha emnqubeni, apho singenankolo koko inguKristu, singenamthetho ngaphandle kothando, singenancwadi ngaphandle kweBhayibhile. Kwaye ngoko. . . Kwaye umfundisi wethu nguMzalwana uOrman Neville lo. Kwakhona sinomhlangano apha wa—wabantu abaninzi abahlangana ngaphakathi njengomnquba weenkonzo zamahlelo onke, apho uza apha unqule uThixo ngokwemiyalelo yesazela sakho. Sisoloko sikuvuyela ukuba kunye nani. Kwaye ngoko yizani xa ninako, sisoloko sikuvuyela ukunamkela.

7 Kwaye ngoku kwithuba elizayo, ngokokwazi kwam, ukuba nani, kuyakuba semva kokuba inkonzo igqityiwe. Kwaye ndifuna ngoko, emva kwe*Zigaba zeBandla*, sifuna ukuya ngoko kuMatywina aSixhenxe okugqibela, kwakhona amaTywina asixhenxe okugqibela kwiNcwadi yeSityhilelo, ukufundisa Lonto.

8 Kwaye ngoku kukho ngamaxesha amaninzi ekuthi abagulayo nababandezelweyo beze, kwaye ngethuba lezintlanganiso, apho imibono ifunekayo, kwakhona ize kudliwanondlebe olulodwa. Ukuba ndingena kulonto, ngoko ndi—andikwazi nje ukufumana umahluko phakathi kwayo, kwaye, niyazi, kuba nzima kum ukuba ndithethe emva koko. Kwakhona wonke ubani uyazi ukuba kwimvuselelo zethu zempiliso, ngu Mnu. Baxter okanye omnye umntu odla

ngokushumayela, mna ndiyaphuma ukuya kuthandazela abagulayo, ngoba inobunzima nje kancinane. Kwakhona bendithandazela abantu abathile nje kwimizuzu embalwa edlulileyo, kwathi ngoko ndadibana nomntwana omncinane apha abathe oogqira . . . into ethile emqolo kuye, izalwe ngohlobo oluthile. Ekuphumeni kwam, ndiyibone ihleli phaya kwisihlalo esithambileyo. La mntwana akasokuze abe sisilima oluya hlobo, uzakuphila. Ngokuqinisekileyo, kunjalo, 'yabona. Kunjalo, ndiyayazi lonto. 'Yabona, ndiqinisekile ngalonto. Ngoko sifuna ukuba nokholo sikholelwe kuThixo.

9 Nawuphina kuni, kwaye abaninzi benu abaqhelekanga kum, bonke abefundisi njalo njalo. Ukuba andiphazami, lo nguMzalwana uCrase. Kunjalo? Mzalwana uCrase, ndi—ndinesingxengxezo kuwe, ngokungafikeleli phaya koluyanikezelo. Mhlawumbi ndiyakufikelela phaya malunga nomhlangano wempela veki, hlala ulungile. Kunjalo? Apho kuseBloomington. Uphila kakuhle? Kuhle. Abanye babababazalwana apha ngabefundisi, ndiyacinga. Ungumfundisi? Ewe, mhlekazi. INkosi ikusikele. Kwakhona bangaphi abefundisi abakwisakhiwo, masibone isandla sakho. Kulungile, lonto nje intle. Siyavuya ukuba nani apha, sivuya nje kakhulu. UThixo asoloko enisikelela!

10 Ngoku, ukwenzela ukuba siphume msinya ngenene, abanye babo baya eGeorgia, Tenessee, New York, zonke iindawo, ukusukela namhlanje, ukuqalela namhlanje. Ngoku, qhubani ngenyameko endleleni. Ukuba uyozela, akufuni ukungena kwindlu yokuphumla, qhubela ngaphandle ecaleni kwendlela ulale de u . . . Yindlela endenza ngayo leyo. 'Yabona, qhubela ngaphandle ulale. Musa, musa ukuqhuba xa unobuthongo, yinto embi leyo. Kwaye khumbula, asinguwe, ngomnye umfo lo ekufuneka umlumkele. 'Yabona? Uyazi apho uya khona, akumazi ukuba uyaphi na yena, ngoko—ngoko kufuneka umlumkele loo mfo. Ngoko, qiniseka ukuba uphaphile ngawo onke amaxesha, usoloko uyilumkele.

11 Ngoku, ndinqwenela ukufunda ngokuhlwanje isicatshulwa sesiBhalo esifunyanwa phaya kwiNcwadi kaYohane. Ngoku, ezi ziBhalo zincinane esithi sizifunde sibhekise kuzo, ziza kusinika umongo wento esizama ukuyithetha. Kwaye ngamaxesha onke, andizange nangethuba elinye, njengoko ndikhumbula, apho ndake ndeza eqongeni lokushumayela, ukuzama nje ukuthetha nje into ekufuneka ithethiwe. Ndisoloko ndizama ukulinda, ndikhangele, ndifunde, ndithandaze, de ndive into yokuba ndinento enokubanceda abantu. Ukuba ngaba andinakuba luncedo, ngoko ke akukho mfuneko yokuba ndime apha, 'yabona. Kuku, kukuzama ukunceda! Kwaye ngoku ngokuhlwanje, ngokuba isixa esikhulu sesihlwele sethu siphumile ukusukela kusasa, kwakhona kuye kwafuneka bagoduke, abaninzi babo. Kodwa, ngokuhlwanje, ndinixelele

ukuba ukuba niye nahlala sizakuzama ukuba sibenencoko emalunga nemizuzu engamashumi amane anesihlanu kwinto endithemba ukuba iyakusinceda. Kwakhona sizakuyisekela lento ngoku kuYohane oNgcwele, isahluko seshumi elinesithandathu, kwakhona masiqale malunga no—nomqolo wesixhenxe wesahluko seshumi elinesithandathu, kwakhona sifunde ukuya kutsho ku—kumqolo weshumi elinesihlanu.

> *Noko ke mna ndinixelela inyaniso; kunilungele ukuba ndimke; kuba, ndingemkanga, uMthetheleli akayi kuza kuni; ke, ndithe ndemka, ndiya kumthumela kuni.*
>
> *Efikile ke, uyakulohlwaya ihlabathi lidane, ngenxa yesono, nangenxa yobulungisa, nangenxa yomgwebo; ngenxa yesono, ngokuba bengakholwanga kum;*
>
> *ngenxa yobulungisa, ngokokuba ndisiya kuBawo, ize ningabi sandibona;ngenxa yomgwebo ngokokuba umphathi welihlabathi egwetyiwe.*
>
> *Ndisenezinto ezininzi zokuthetha kuni, kodwa aninako ukuzithwala ngoku. Xa ke athe wafika yena uMoya wenyaniso, uyakunikhokelela kuyo yonke inyaniso; kuba engayikuthetha okuphuma kuye, uyakuthetha izinto athe waziva, anibikele izinto ezizayo.*
>
> *Yena uyakundizukisa; ngokuba eyakwamkela kokukokwam, aze anibikele ke.*
>
> *Zonke ezo zinto anazo uBawo zezam; ngenxa yoko ndathi uyakwamkela kokukokwam, aze anibikele.*

12 Ngoku kulomqolo weshumi elinesithathu. “Xa ke athe wafika yena uMoya weNyaniso, Uyakunikhokelela kuyo yonke inyaniso. Xa athe uMoya weNyaniso wafika, Uyakunikhokelela kuyo yonke iNyaniso.” Yintoni iNyaniso? LiLizwi. “Ngokuba uyakuthetha, Akayi kuthetha okuphuma kuYe; koko Akuvayo, Uyakuthetha kona, Akuvayo Uyakuthetha kona.” Ngamanye amazwi, Uyakuba nguYena Uyakutyhila into, niyabona. Kwakhona kwisahluko sesine samaHebhere, iBhayibhile yaxela ukuba, “ILizwi likaThixo libukhali, linamandla ngaphezu kwekrele elintlangothi mbini, i—iMboni yeengcinga zengqondo, intliziyo.” Niyabona, “Akuvayo, Uyakuthetha kona, kwaye Uyakunibonisa izinto ezizayo.” Niyabona? Yintoni eza kwenza lonto? NguMoya oyiNgcwele Oyakuza ngeGama leNkosi uYesu.

13 Kwakhona ndingathanda ukuthatha le mizuzu imbalwa ilandelayo ukubizela ingqiqo yenu kwigama “umkhokeli,” *Umkhokeli*. Niyazi, ndike ndanamava amakhulu emahlathini. Umkhokeli, umntu wokukujikelezisa. Kufanele ukuba ube nomkhekeli xa ungazi apho uya khona. Kwakhona ekubeni ndiqhelene nokuzingela, kwa nehlabathi jikelele, ndike

nda—ndanethuba lokudibana nabakhokeli. Kwaye ndingumkhokeli, ngokwam, eColorado, ngokuba ekubeni ndilazi ilizwe, ukusebenza efamini enkulu, njalo njalo, ndingakhokela eColorado.

14 Ngoku, umkhokeli kufuneka ayazi indlela. Kufuneka azi apho aya khona kwanento ayenzayo nendlela yokukukhusela endleleni. Niyabona? Kufuneka abone ukuba akulahleki. Umkhokeli yindoda enyuliweyo. URhulumente uyayonyula le ndoda ukuba ingumkhokeli. Kwakhona, ngoku, ekuthabatheni uhambo usiya entlango, apho mhlawumbi ungaqhelanga kuya khona, asiyonto ilungileyo ukuba uhambe ngaphandle kwakhe. Ngokuphandle, kwezinye iindawo awunako nokuhamba ngaphandle kwakhe, umzekelo, eCanada. U—umkhokeli kufuneka asayine iphepha-mvume kumgcini wezilwanyana. Naye ngokwakhe kufuneka asayine eyakhe, unobutyala ngawe. Ukuba kukho into ekwehleleyo luxandura lwakhe. Kufuneka akuqwalasele. Kufuneka aqaphele ukuba akulahleki. Kufuneka aqiniseke ukuba akakuthumeli ngaphakathi kwindawo apho ungayikuphinda uyazi indlela yokubuya. Kwakhona ukuba uthe walahleka, kufuneka alazi ilizwe kakuhle ukwenzela ukuba abe nokukufumana nangaliphina ixesha. Kufuneka azazi zonke ezi zinto okanye akanakuba ngumkhokeli, akanakunikwa phepha-mvume lokuba ngumkhokeli.

15 Ngezi zinto, kufuneka ngamanye amaxesha ube nedinga, utsale umnxebakwangoko wenze amalungiselelo kwangaphambili, wenze isigcinelo sokuba ukhutshwe. Kwakhona ukuba . . . Ngamanye amaxesha kuyazala kwakhona angabi nako ukukuthatha, kufuneka uke uyimisele elinye ithuba okwethutyana, malunga no—nomkhokeli wasemhlabeni. Akukho mfuneko yokwenza oko ngokaThixo uMkhokeli, Usoloko elungele, soloko elungele.

16 Ngoku, ukuba la malungiselelo akuwenzi, kwaye ucinga ukuthabatha uhambo oluya entlango apho ungazanga uye ngaphambili, usenokulahleka, utshabalale. Unethuba elinye ekhulwini lokuba uziphumele ngokwakho entlango, oko kukuthi, ukuba akukho mfiliba kakhulu, unganethuba elinye ekhulwini lokuba uziphumele ngokwakho. Kodwa ukuba yintlango embi, ukubuya umva, akunathuba. Akukho ndlela ungayenza ngayo, ngokuba uzifumana ukwihambo eya ekufeni, u—usengxakini ngoko kuphelile ngawe. Ngoku, kwaye uyakutshabala-la ukuba akunaye umkhokeli olaziyo ilizwe nendlela yokubuya.

17 Abaninzi benu bayazana nenqaku enake nalifunda kunyaka ophelileyo ngaphandle phaya eTucson, eArizona, aboVulindlela. Kanti, babeqeqeshiwe ukuba bakwazi ukuzinyamekela, ayengooVulindlela. AyengezoNkewu nje zooVulindlela, ayengooVulindlela abapheleleyo. Kwakhona

bathabatha uhambo oluya ezintabeni, kwaza kweza uqhwithelo lwekhephu, indalo yayitshintsha imo yayo. Kwaye kwakutheni bazifumana belahlekile baza bonke bafa, kungokuba babe. . . into ethile, inguqu iyenzeka kwisiqhelo, zange bayazi indlela yokuphuma. Niyabona? Kwaye ndiyalibala ukuba mangaphi na amakhwenkwe afayo entabeni, nangona ayenoophephela, namajoni asekhaya ekhutshiwe, kwakunye nabaKhokeli beLizwe, noncedo lononibe, kwakunye nento yonke. Kodwa babelahlekile, akukho namnye owayesazi ukuba baphina. Kwakhona babengenako ukuzinyamekela. Bonke bafa ekhephini kuba zange bazi ukuba baya empuma, emantla, entshona okanye emazantsi, phezulu okanye ezantsi na, okanye kwakunjani na, yonke into yabonakala ifana.

18 Ngoku, umkhokeli uyazi apho akhona, nokuba imozulu injani na. U—uxhotyisiwe ukuba akwenze oko. Uyayazi into ayenzayo. Uqhelene nento yonke. Uyayazi inkangeleko yezinto zonke, ngoko angasebumnyameni kwaye ayive into ethile.

19 Umzekelo, nali iqhinga elidala kumkhokeli. Niyazi, ukuba ningazibona iinkwenkwezi, nabani na angaxela ukuba uyaphina xa eqwalasele iinkwenkwezi. Kwaye kusoloko kufuneka uqwalasele inkwekwezi enye ethembekileyo. Inye kuphela inkwenkwezi ethembekileyo, kwaye leyo yinkwekwezi yasemantla. 'Yabona, inye kuphela, ima kwindawo enye. Lonto imele uKristu, nguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Abanye bangabhadulela kude, kodwa Uhlala eyinto enye. Amabandla angakutsalela angakutsala uphumele *ngapha*, okanye amanye akutsalele ngaphandle *ngaphaya*; kodwa hayi Yena, Usoloko eyinto enye.

20 Kulungile, ngoku, ukuba awunakuyibona lenkwenkwezi yasemantla, kube kusibekele, ngoko ukuba uyakuqaphela, ukuba kusemini ube ulahlekile, ukuba uyakuyiqwalasela imithi. Umthi njalo, ubulembu bukwelicala langasentla lomthi, kuba icala lasemazantsi lomthi lifumana ilanga ngaphezu kwecala langasentla. Kodwa uthini ke ukuba kumnyama kwaye awunakububona ubulembu? Ukuba uyakuwavala amehlo akho ungazami kucinga kuthile, wavale amehlo akho ufumane umthi onexolo elimtyibilizi, uthabathe izandla zakho uzijikelezise umthi ngolu*hlobo* ide iminwe yakho idibane, kwakhona uqale ukuhamba ujikeleza loo mthi kancinane ngenene. Xa ke ufika kwindawo apho ixolo ngenene lingqingqwa, lixobukileyo, elo licala lasemantla (imimoya), kwaye ungazi ukuba ubheka ngaphi na, emantla na okanye emazantsi. Kwakhona ngolohlobo, o, zininzi izinto, kodwa lonto ithatha abakhokeli ukukwazi ukuzenza ezo zinto. Umntu nje oqhelekileyo angaya apho athi, "Akukho nto ingumahluko ndiyivayo kuyo." 'Yabona? 'Yabona, kufanele ukuba ubuqeqeshelwe obo bukhokeli.

21 Kwaye la makhwenkwe, ngaphandle kwamathandabuzo yayingooVulindlela abalungileyo, ababekwazi ukubopha amaqhina, babekwazi ukwenza imililo ngamatye, njalo njalo ngolohlobo. Kodwa, ukuze uyazi indlela yokuphuma, nantso eyona ngcinga! Bona, babengayazi indlela yokuphuma, ngoko ke ngenxa yoko bonke batshabalala kuba abazange bahambe namkhokeli kunye nabo.

22 Utata ongacingiyo, kwiminyaka emibini edlulileyo, eColorado, owayenyuka eqabela ezintabeni, wayenenkwenkwana emalunga neminyaka emithandathu ukuya esixhenxeni ubudala. Wayezakuyithabathela ekuzingeleni kwakhe kokuqala kwamaxhama. Ngoko ke banyukela phezulu entabeni, yazi inkwenkwana encinane yathi kuyise, "Ndiyadinwa."

23 "Khwela emqolo kum. Asikanyukeli phezulu ngokwaneleyo okwangoku, amaxhama aphezulu." Phambili ukuya phambili ukuya phambili yahamba loo ndoda de yafika . . . Yayingazi, yayiyindoda yasesixekweni. Yayingazi nto ngokuzingela okanye indawo emayiye kuyo. Nayiphina indoda enento eyaziyo ngentlango iyazi ukuba ixhama alihlali phezulu kakhulu. Akenyukeli phaya phezulu. Ziibhokhwe ezihlala phaya phezulu, hayi ixhama. Aphantsi phaya apho anokudla khona, aya kwindawo apho kukho into yokutya khona. Kwaye, njalo, yona le ndoda yacinga, "Ukuba ndifumane indlela enyukela phezulu ematyeni phaya, ndakufumana inkunzi yenyamakazi enkulu." Yayinomfanekiso yamanye awo emi phezu—phezu kwelitye, yaze yacinga ukuba kulapho yayinokulifumana khona. Musani ukunika ngqalelo kwinto ebhalwe koolindixesha, bethu, o, bethu, uyakuba noloyiko! Lonto, into nje inye omawuyenze, kukuthathela umkhokeli apho wazi ukuba uphina.

24 Kwakhona loo tata, kwafika imvula ngesaquphe phezulu apho, enye yezimvula zifika ngesaquphe. Kwakhona le ndoda yazingela kwasemva kwexesha kakhulu, kwade kwamnyama ayakwazi ukufumana indlela yokubuyela emva. Kwaye i . . . yaze imimoya yeza kwezonkcochoyi zeentaba, kwaye yona ngokwayo yayihamba ngesantya, kwaye lonto yi . . .

25 Kufuneka uyazi indlela yokuphila xa ubhabhisekile. Kukho enye into, yazi ukuba ungaphila njani na! Ndike ndakhwela imithi ndatshebeleza ndehla kuyo, ndiphinde ndikhwele emthini ndiphinde nditshebeleze ndihle, ndinyuke ndihle ngolo hlobo, ukuzigcina ndiphilile. Ndike ndathabatha ikhephu xa lizinyawo ezine kwicala ngalinye, ndaqhekeza isiphunzi ndasilalisa phantsi. Kwaye ndibe ndilambe ngendlela yokuba ndingabi nakukumela! Ndize ndiziqhekeze ezi ziphunzi zidala, ndize ndizibase ndizenze shushu ndinyibilikise ikhephu phantsi. Kuze ke malunga nentsimbi

yokuqala ekuseni, intsimbi yesibini, ndizitsalele emva iziphunzi ndilale phantsi kuloo mhlaba ufudumeleyo, ukuzigcina ndiphilile. Kwaye ufanelwe kukukwazi ukuzenza ezi zinto.

26 Kwaye le ndoda yayingayazi into eyayiyenza, yayingenamntu unayo wokuyikhombisa. Yaza yabambela unyana wayo esifubeni sayo yada yamva ebanda esifa. Ukungabinangqiqo! Ukuba nje yayihambe nomkhokeli, ngewayibuyisela emva ezantsi entabeni nokuba yayileliphi na ixesha, 'yabona. Kodwa yalinda kwade kwamnyama, yaze ayabinakuyibona indlela yayo.

27 Nantso inkathazo ngamaKristu namhlanje. Alinda bude ubumnyama buhle, uze ke ufumanise ukuba uhambe ngaphandle koMkhokeli. UMkhokeli!

28 Ngani, wake wayibona indoda ebilahlekile? Ingaba ukho umntu owake wanamava okubuyisa umntu ekulahlekeni? Yeyona nto yake yalusizi owake wayibona. Xa indoda ilahleka, ibadlongodlongo. Ayiyazi into eyenzayo. Sake sabamba indoda phandle phaya, umfana, kwaye wayelahleke ehlathini, waze wazicingela . . . wayengumsebenzi kwifama enkulu, kodwa wayekummandla ongomnye waze walahleka, wajikeleza. Bathi bakumfumana emva kweentsuku ezintathu, wayebaleka njengendoda edlongodlongo, ekhala kakhulu ngelizwi lakhe lonke. Imilebe yakhe yayityekile, waza wawuphosa kude umpu wakhe kwakhona engayazi into emakayenze. Kwaze kwathi xa umntakwayo, xa . . . Kwafuneka ukuba bambambe bambophelele. Xa umntakwabo wezayo kuye, wamlwa njengesilwanyana, wazama ukumluma, wayengazi ukuba uphi na. Ngani? Wayelahlekile. Kwaye xa indoda ilahlekile, ikwimo yokudideka. Kwaye ayazi ukuba ikulo mo, kuba ukulahleka kwayo kuthumela umkhuhlane kuyo, kwaye ayazi ukuba iphina nokuba yenza njani na.

29 Kunjalo xa indoda ilahleke kuThixo! Iyakwenza izinto ngokwesiqhelo ebingenakuzenza. Iyakwenza izinto ezi— ezingaphaya kokucingwa ukuba zingenziwa ngumntu. Indoda elahlekileyo kuThixo, ibandla elilahlekileyo kuThixo, ibandla elimkileyo kuThixo, elimkileyo kwimithetho yeBhayibhile kaThixo, liyakwenza izinto ngamanye amaxesha ongenakulindela ukuzifumana ebadleni likaThixo ophilayo. Liyakuyifumana imali yalo ngemidlalo yamakhasi, lidlale ungcaka, lingcakaze ngemali, nayiphina enye into, lifundise nantoni na livumele yonke into yenzeke, limbambazele indoda ehlawula kakhulu ebandleni emqolo njalo njalo ngolohlobo, ukwenzela nje ukuba baqhubeke naloo nto. Kunjalo. Babeke kwibhodi abadikoni abatshate kane nakahlanu, ukwenzela nje ukuba baqhubeke naloo nto, ukwenzela ukuba izinto zilunge. Kukho injongo enye nje ekufuneka uyifezekise, leyo,

yimbhopheleleko yakho kuThixo. Yima uthethe iNyaniso! Ukulahleka, indoda elahlekileyo ikwimo yobudlongodlongo, yindoda ephambeneyo.

30 Umkhokeli uyaqonda, indlela yokuhamba nento amakayenze. UThixo e...UThixo wasoloko ethumela umkhokeli njalo ebantwini Bakhe. UThixo akazange awe phantsi. Uthumela umkhokeli, kodwa ke kufuneka nimamkele loo mkhokeli. 'Yabona? Kufuneka nimkholelwe. Kufuneka nihambe ngendlela ayithethayo. Ukuba ungena entlango, aze athi umkhokeli wakho "sihamba ngale ndlela," uze ucinge ukuba ungahamba nga*laa* ndlela, uza kugqibela ngokulahleka. Ngoko xa u...uThixo esithumela umkhokeli ukuba asikhokele, kufuneka simlandele loo mkhokeli. Akunamsebenzi nokuba sicinga ntoni na, nento ebonakala ifanelekile nento ebubudenge, asilungelanga kwahlula lonto, umahluli ngumkhokeli kuphela.

31 UThixo, kwiTestamente eNdala, wathumela abaprofethi. Babengabakhokeli, ngokuba iLizwi leNkosi leza kumprofethi. Babengabakhokeli. Babayalela abantu njengoko njengoko senzile phezolo, ngoIsaya noUziya. Babeyalelwe, baze babayalela abantu babakhokela. Kwaye ngoku uThixo ubesoloko ethumela abakhokeli Bakhe, Akazanga nakanye angabinaye umkhokeli, kuzo zonke izigaba. UThixo ubesoloko enomntu oMmeleyo kwelihlabathi, kuzo zonke izigaba.

32 Ngoku, ngamanye amaxesha bayemka kumkhokeli, "baphume elitheni," njengoko sisitsho. Xenikweni uYesu wayelapha emhlabeni, anikhumbuli ukuba uYesu wathi kubaFarasi, "Bakhokeli ndini bazimfama"? Bakhokeli abazimfama, abamfamekileyo kwizinto zasemoyeni. 'Yabona? Ngoku, kwakufanele ukuba bangabakhokeli, abakhokeli ebantwini, bekhokelela abantu elusindisweni. Kodwa uYesu wathi, "Nizimfama!" Kwakhona wathi, "Bayekeni, kuba ukuba imfama ikhokela imfama, aziyi kweyela emhadini zombini na?" Bakhokeli abazimfama! O, indlela ihlabathi elingcoliswe ngayo yilonto, ukhokelo olumfamekileyo. Akafuni ukuba wayame ngokuqonda kwakho. UThixo akafuni ukuba wayame ngokwakho ukuqonda okanye ingcinga zakho, okanye naziphi na iingcinga ezenziwe ngumntu.

33 UThixo uthumela uMkhokeli, kwaye uThixo ufuna ukuba ukhumbule ukuba lowo nguMkhokeli Wakhe onyuliweyo. Kwaye kufuneka siMkhumbule. Apha Ithi, uYesu wathi, "Andiyi kunishiya nizinkedama, kodwa Ndiyakumthandaza uBawo yaye Uyakunithumela omnye uMthetheleli." Kwakhona loMthetheleli, xa Efika, wayeyakusikhokelela kuyo yonke iNyaniso. Kwaye iLizwi likaThixo liyiNyaniso, yaye iLizwi nguKristu, "Ndim indlela, iNyaniso noBomi." UliLizwwi, "Ekuqaleni ube ekho uLizwi, uLizwi wayekuThixo, uLizwi wayenguThixo. ULizwi wenziwa inyama wahlala phakathi

kwethu.” Ngoko ke ukuba silandela uMkhokeli wenyaniso
ngenene, uMoya oyiNgcwele, Wayeyakusixelela izinto
Awazibonayo, izinto Awazivayo, kwakhona Wayeyakusibonisa
izinto ezizayo. Amen. Nantso ke. Uyakunibonisa izinto ezizayo.
34 Kwakhona xa amabandla namhlanje ekukhaba Oko,
singalindela kanjani ukuya eZulwini? Xenikweni uMoya
oyiNgcwele wathunyelwa kuthi ukuba nguMkhokeli,
siyakuthabatha ikhardinale ethile, ibhishophu ethile, umveleli
jikelele othile, okanye umntu ofana naye ukuba asikhokele,
ngethuba uMoya oyiNgcwele sawunikwayo ukuba usikhokele.
35 Kwaye uMoya oyiNgcwele usoloko uthetha ngeLizwi.
“Ndinezinto ezininzi zokunixelela, aninako ukuzithwala ngoku,
Kodwa xa Efika, Uyakunikhokelela kuYo.” Eso ke sisizathu
sokuza kwamaTywina. Ekupheleni kweTywina lesiXhenxe,
imfihlakalo kaThixo iyakube igqityiwe, ukwazi ukuba uThixo
Ngubani na, Uyintoni na, Uphila njani na, indalo Yakhe, uBumi
Bakhe. Kufanele ukuba nonke nibe nilapha ngoko, niyabona,
siziswe kwimo epheleleyo yoonyana neentombi zikaThixo,
iBandla elihlanjwe eGazini likaKristu, elithengwe ngaphandle
kwemali, elihlawulelwe ngeGazi lika Yesu Kristu.
36 Ngoku, naku ke, uMkhokeli, kwaye UnguMkhokeli
ekubonelelwe ngaye nguThixo. Ngoku, sityhutyha intlango
kwaye sisendleleni yethu eya kwindawo ethile, kwaye asinako
ukuhamba ngaphandle kwaloMkhokeli. Kwaye makungaze
kubekho nabani na ozama ukumisa ngomnye umkhokeli!
Ukuba wenza lonto, uyakunikhupha ngaphandle endleleni. Lo
Mkhokeli uyayazi indlela! Wazi nayiphina i—intshi yendlela.
Wazi nayiphina ingcinga esentliziyweni yakho. Wazi wonke
umntu olapha. Uyakwazi ukuba ungubani na nento oyenzileyo,
wazi konke ngawe. UnguMkhokeli kaThixo, uMoya
oyiNgcwele, kwaye uyakunityhilela izinto, kwaye uyakuxela
izinto athe Waziva, angawaphinda amazwi akho ukubheka
emva athethe kanye into oyithethileyo. Amen. Akuxelele into
obuyiyo, into onayo, apho uya khona. Umkhokeli, uMkhokeli
onguye, kwaye Uyakunikhokelela kuyo yonke iNyaniso, kwaye
iLizwi laKhe liyiNyaniso.
37 Ngoku, uMoya oyiNgcwele akasokuze enze, athi“amen”
kuhlobo oluthile lwenkolo eyenziwe ngumntu.
Uyakuchaphazela kuphela iLizwi likaThixo ngo“amen,”
ngokuba Linjalo. UMoya oyiNgcwele akasokuze akukhokelele
kwenye indlela. Ngoku into emangalisayo yile, kukuba thina
sonke, onke amahlelo ethu amakhulu nezinto ezinjalo, sibanga
ukuba ngabanye sikhokelwa nguMoya oyiNgcwele, kube
kukho umahluko ongako ukuba mkhulu njengokuba unjalo
kwimini nobuku kuthi sonke.
38 Kodwa xenikweni uPawulos, laa Mfarasi mncinane
wafumana uMoya oyiNgcwele xa uHananiya wambhaptizayo,
waza waya e-Arabhiya wafunda iminyaka emithathu, wabuya,

waza akabuya acebisane nebandla nangeyiphina into kangangeminyaka elishumi elinesine, wathi akubuya wadibana noPetros, intloko yebandla laseYerusalem, babedibene ngqo kwiMfundiso. Ngoba? NguMoya oyiNgcwele omnye! Apho uPetros wabhaptiza eGameni likaYesu Kristu, noPawulos wenza kwa into enye ngaphandle kokuxelelwa ngumntu. Apho uPetros wafundisa ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, nongcwaliso, njalo njalo; noPawulos wenza kwa lonto inye, ngaphandle kokucebisana nebandla, ngokuba yayikwanguMkhokeli omnye. Ngoko ke singanjani namhlanje xa abantu bezikhanyela ezi Nyaniso? Xenikweni uPetros wafundisa oko wakwenzayo malunga nendlela ibandla elalizakumiswa ngocwangco ngayo, noPawulos wayekwa naloMfundiso inye, ngokuba babenoMkhekeli omnye.

39 UMkhokeli akazi kubhekisa omnye *ngapha*, omnye amse *ngaphaya*, athumele omnye empuma omnye amthumele entshona. Uzakunigcina nikunye. Kwaye ukuba nje siyakuvumela uMoya oyiNgcwele ukuba usigcine sikunye, siyakuba banye. Ukuba—ukuba nje asimvumeli uSathana asitsalele ngaphandle kwindlela engalunganga, siyakuba ntliziyo nye, ngqondo nye, moya mnye, ngaMoya mnye, uMoya oyiNgcwele, uMkhokeli kaThixo oyakusikhokelela kuyo yonke iNyaniso. Injalo lonto. Kodwa kufuneka ulandele uMkhokeli wakho. Ewe, mhlekazi.

40 Khangela uNikodemo, wayeswele uMkhokeli, kanti wayeyindoda elumkileyo. Wayengumfundisi, malunga neminyaka engamashumi asibhozo ubudala. WayengowabaFarasi, okanye—okanye wamabhotwe eSanhedrin, iBhunga, woManyano lwabeFundisi. Wayengomnye wamadoda abo amakhulu, umfundisi kwaSirayeli, igcisa kulonto. Cinga, igcisa lomfundisi! Ewe, wayeyazi imithetho, kodwa kwa kufikelela ekuzalweni ngokutsha, wayeswele uMkhokeli. Wayelambele lonto. Wayesazi ukuba kufanele ukuba kubekhona into eyohlukileyo. Intetho yakhe kuKristu ngobobusuku yaphuhlisa lonto. Kwakhona yaphuhlisa oku, indlela ababeziva ngayo bebonke, kodwa akuzange kubekho namnye kubo owaba nobo—nobo bukroti wayenabo. Akukho namnye kubo owayenokuza apho phezulu enze le nto wayenzayo. Uyazi, abantu bayamgweba uNikodemo ngokuza ngobusuku. Wafika apho. Wafika. Ndiyazi ukuba abanye abantu abasokuze baqalise nokuqalisa, kusemini okanye ebusuku. Kodwa yena wafika apho, kwaye wayeswele uMkhokeli, waza wathi, “Mfundisi, thina,” kwiBhotwe leSanhedrin, “siyazi ukuba UnguMfundisi ovela kuThixo wena.” Kwakutheni ukuze ayazi lonto? Wayengqinelwe. ’Yabona, wayefuna ukwazi ukuba oluzalo ngokutsha luthetha ntoni na, waza waya ngqo Kolungileyo, kuba uThixo wayengqinile ukuba lo nguMkhokeli Wakhe, uYesu. Khangela

into awayithethayo, “Mfundisi, siyazi ukuba UnguMfundisi ovela kuThixo wena, kuba akukho mntu unokuzenza izinto Ozenzayo, uThixo engenaye.”

41 Yayikukungqinelwa oko, kokuba kwakukho uThixo ophilayo ngaphakathi kuYe. Into Awayingqinayo, “Asindim oyenzayo imisebenzi; nguBawo ohleli ngaphakathi kuM. Inene ndithi kuni, uNyana akanakwenza nto ngokwaKhe; kuphela koko Abona uYise ekwenza, uNyana akwanzeyo. UBawo uyasebenza, Nam Ndiyasebenza kude kube ngoku.” Ngamanye amazwi, uThixo Wayembonisa into Amakayenze, aze Ahambe enze lonto. Akazange enze nto de uThixo Abe Umxelele ukuba Ayenze. Amen. Ezo ke zinyaniso eziphandle ngaloo nto. Ukuba nje besinokuhamba silinde de uMoya usiqhubele ukuba siyenze into! Nantso ke. Kwaye sizilahlele ngeyona ndlela kuKristu kangangokuba Angasityhaleli ngapha nangapha njengoko esenza kum, kodwa nje ukunqwala okuncinane kokuqala kwentloko Yakhe, ulungele kwaye akukho nto iza kukuqanda, kuba uyazi ukuba leyo yintando kaThixo.

42 Wayefuna uMkhokeli. Kwaye WayenguMkhokeli ongqinelweyo. Wayenokukhokelwa nguloMkhokeli kuba wayesazi ukuba lo Mkhokeli wayephefumlwelwe nguThixo. Wayesazi ukuba izithethe awayezikhonzile, mhlawumbi ngabaFarasi, abaSadusi, kwakhona nokungaphezu koko, wayezikhonzile ezo nkolo ngalo lonke ithuba waze akabona nto yenzekayo. Kodwa apha kuvela iNdoda, isithi inguMesiya wedinga weBhayibhile. Ngoko uyaguquka enze kwa imisebenzi kaThixo. UYesu wathi, “Ukuba andenzi misebenzi kaBawo, musani ukundikholelwa. Kodwa ukuba aninakundikholelwa, yikholelweni imisebenzi endiyenzayo, ngokuba ingqina Ngam.”

43 Ngoko, akumangalisi ukuba uNikodemo wathi, “Mfundisi, siyazi ukuba unguMfundisi ovela kuThixo Wena, ngokuba akukho mntu unokuzenza izinto Ozenzayo uThixo engenaYe.” ’Yabona, wayeswele uMkhokeli, nangona wayeligcisa kuloo nto. Wayengumfundisi webandla lakhe. Wayenesidima, kwaye wayene—wayeneendawo ezibalulekileyo, kwaye wayeyindoda enkulu; ngaphandle kwamathandabuzo, wayehlonelwe ngabantu bonke belizwe. Kodwa xa kusiziwa ekuzalweni ngokutsha, wayeswele uMkhokeli! Nathi ke sinjalo, ewe, sasiswele uMkhokeli.

44 UKorneli, wayeyindoda ebalulekileyo, indoda ehloniphekileyo. Wakha iicawe. Wayewahloniphile amaYuda kuba wayesazi ukuba unqulo lwawo luyinene. Kwaye wayehlawula amalizo, wayethandaza yonke imihla, kodwa wathi akufika uMoya oyiNgcwele (Kwabakho into eyongezelelwayo ebandleni), waswela uMkhokeli. UThixo wamthumela uMoya oyiNgcwele. WaMthumela ngomntu onguPetros. “Kodwa akubona ukuba uPetros usawathetha la Mazwi, uMoya oyiNgcwele wamhlela.” [Indawo esisikhewu

kwikhasethi—Mhl.] UThixo wasebenzisa uMkhokeli ngoPetros. WaMsebenzisa, ngokuba wakhokelela uKorneli kwindlela elungileyo. Kwakhona akubona ukuba usathetha, uMoya oyiNgcwele wehla phezu kweeNtlanga. Waze wathi, “Ingaba ukho umntu onokuwathintela amanzi, ukuba aba bangabhaptizwa?” ’Yabona, isenguMkhokeli othethayo, ingenguye uPetros. Ngokuba elo yayiliqela lamaYuda . . . okanye iiNtlanga, “zingahlambulukanga, zingcolile” kuye, kwaye wayengafuni nokuya. Kodwa uMkhokeli wathi, “Ndiyakuthuma.” Wenza izinto obungacingi ukuba unokuzenza, xa uMkhokeli ethabatha ulawulo olupheleleyo, xa uMvumela ukuba Akukhokele. Owu, indlela ekungummangaliso ngayo ukukhokelwa nguMoya oyiNgcwele. Nguye uMkhokeli. Kulungile. Wathetha noPetros wamxelela into amakayenze. Kwaze xa bonke bathi bamkela uMoya oyiNgcwele, wathi, “Asinakuwathintela amanzi, sibona nje ukuba naba bamamkele uMoya oyiNgcwele njengathi ekuqaleni.” Baze bababhaptiza eGameni leNkosi uYesu. Ngoku, ngubani lo wamkhokelela ekubeni enze lonto? NguMkhokeli owayekuye. Akazange uYesu abaxelele, “Musani ukucinga ngeniyakukuthetha, ngokuba ayinini abathethayo; nguBawo ohleli ngaphakathi kuni, nguYe othethayo”? Amen.

45 Ithenwa, lisihla lisuka eYerusalem. Kwaye uThixo wayenoMkhokeli elizweni ngelo xesha, uMoya oyiNgcwele, yaye wayenendoda ezantsi phaya eyayizaliswe nguloMkhokeli. Yayingenguye kwa umshumayeli, yayiluhlobo oluthile lomdikoni. Kwaye wayesezantsi phaya ephilisa abagulayo ekhupha needemoni, esenza imvuselelo enkulu, kwakukho uvuyo olukhulu esixekweni. Wayenamakhulu abantu ababehlanganisene kuye, waze wathi uMkhokeli, “Uhambe ngokwaneleyo, masibuyele umva ngapha.” Akazange aphikisane noMkhokeli wakhe.

46 Ungaze uliphikise iLizwi loMkhokeli wakho. Landela Yena. Ukuba akuyenzi lonto, uza kulahleka. Kwaye, khumbula, xa uMshiya, uhamba wedwa, ngoko ke sifuna ukuhlala sikufutshane noMkhokeli.

47 Ngoko ke endleleni, Wathi, “Lishiye eli qela ngoku, Filiphu, uhambe uye entlango apho kungekho mntu khona. Kodwa ndikuthumela phaya phandle, kwaye kuya kubakho mntu uthile xa ndikukhuphele phandle phaya.” Naku kusiza ithenwa elilodwa, laliyindoda enkulu kukumkanikazi ezantsi eTiyopiya. Ngoko lalisihla, lilesa iNcwadi kaIsaya. Waze wathi uMkhokeli, “Sondela ngakwinqwelo yamahashe yokulwa.”

Waza wathi, “Uyayiqonda na into oyilesayo?”

48 Lathi, “Ndinganako njani na kungekho mntu undikhokelayo nje?” O, bethu! Kodwa uFiliphu wayenoMkhokeli. Amen. Waza waqala kwakweso siBhalo, washumayela uKristu kulo. Amen. UMkhokeli! Akazange

alixelele ngankolo ithile, walixelela ngoMkhokeli, uKristu! Waza walibhaptiza apho phandle kumanzi athile. Ngokuqinisekileyo, kwakunjalo. O, indlela endiyithanda ngayo lonto!

49 Xenikweni uSirayeli washiya iYiphutha esinga kwilizwe ledinga, kwiExodus 13:21, uThixo wayesazi ukuba abazange bahambe ngalandlela ngaphanbili. Yayingamashumi nje amane eemayile, kodwa babeswele into eyayizakuhamba nabo. Babeyakulahleka. Ngoko ke Yena, uThixo, wabathumela uMkhokeli. Exodus 13:21, into enje ngale, "Ndithumela iSithunywa saM phambi kwenu, iNtsika yoMlilo, ukunigcina nisendleleni," ukubakhokela ukuya kweli-lizwe ledinga. Kwaye abantwana bakaSirayeli balandela loo Mkhokeli, iNtsika yoMlilo (ebusuku) iLifu emini. Ukuma kwayo, nabo bema. Xa ithe yahamba, nabo bahamba. Waza wathi akubasondeza kufutshane nelizwe, baye babengakulungelanga ukuwelela kulo, Wabakhokelela emva entlango kwakhona. Wayengenako ukuhamba nabo.

50 Yilento liyiyo, ibandla namhlanje. Ngaphandle kwamathandabuzo koko kukuzeka kade umsindo kukaThixo namhlanje, njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, ibandla ngekwakukudala lemkayo ukuba nje lalilungisile lazimisa ngendlela. Kodwa Kufanele ukuba asikhokele sijikele ngapha nangapha nangapha.

51 Wayengazi uSirayeli, xenikweni babekhwaza, bakubona amajoni aseYiphutha afileyo, amahashe eyeleyo, iinqwelo zokulwa zikaFaro zijongise amavili phezulu, babefumene uloyiso, uMoses eseMoyeni, evuma eseMoyeni, uMiriyem exhentsa eseMoyeni, neentombi zikaSirayeli zibaleka zinyuka zisihla udonga lolwandle, zikhwaza zixhentsa, babeneentsuku nje ezimbalwa bafike kubisi nobusi. Babengazi ukuba kuyiminyaka engamashumi amane ukuba kude, kuba baqala ukukhalazela uThixo noMkhokeli.

52 Kwaye sizifumana sikwimeko ekwanjalo. Ndiya eShreveport emva kokuba lapha. Kwaye uMoya oyiNgcwele wehla nguMhla wokuBulela, kwiminyaka engamashumi amahlanu eyadlulayo, e—eLouisiana, ngoMhla wokuBulela. Indlela ibandla elithe lawa ngayo ukususela ngeloxesha! Uyaqaphela ukuba ibandla lamaKatolika laseRoma ekuqalekeni kwalo lalilibandla loMoya? Yinyaniso leyo. Lonto injalo. Yayilibandla loMoya, kodwa izikhakhamela ezinenkani zaqala ukungena zaguqula i—iziBhalo zikaThixo zazisa kwizithethe zazo, zongeza kuLo imigaqo yenkolo, njalo njalo. Kwaye khangela into abanayo ngoku, akukho nesuntswana lesiBhalo kuyo nayiphina. Basebenzisa enye into endaweni yenye into, iqhekeza lesonka endaweni yoMoya oyiNgcwele. Basebenzisa ukufefa endaweni yokuntywilisela. Basebenzisa "uYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele" endaweni "yeNkosi

uYesu Kristu.” Bamisela ezinye izinto endaweni yazo zonke eziziseko zikhulu zikaThixo zazibekwe phambi kwethu, kwaye bakude kakhulu, kude kakhulu kwiMfundiso yesiBhalo.

53 Kwaye uMoya wawa eLouisiana, kwiminyaka engamashumi amahlanu eyadlulayo, kwaye ukuba ithe yahlala eminye iminyaka engamakhulu amabini, iyakuba ikwimeko embi kunebamndla lamaKatolika, ukuba ithe yahlala isiwa ngohlobo ethe yawa ngalo kuleminyaka ingamashumi amahlanu idlulileyo, ngokuba bayongeza nje kuyo ngalo lonke ixesha, ngokuzingisileyo. Abashumayeli bohlobo lakudala abasekho. Imihlangano yasetratweni, akuseva nangomnye. Into nje esinayo liqela lobunewu-newu baseHollywood bongezelelwe kuyo, abafazi abanqothula iinwele benxibe iibhulukhwe ezimfutshane, beziqabile, kwanayo yonke into, bezibiza ngokuba ngaMakristu. URicky othile omncinane onekatala, obaleka esihla enyuka esithubeni, nabafazi benelokhwe ezithe nca ngendlela engathethekiyo njenge—wiener ehlinziweyo no—nofele lungaphandle, phantse, bengcangcazela bonke eqongeni, bebaleka benyuka besihla iqonga, bexhentsa benamacici amakhulu ajingayo nolunye lolungiso-nwele apha olutsha lwenenekazi lwelizwe, ize izibize ngokuba bubuKristu.

54 Into esiswele yona lunqulo lwakudala, oluvela kuThixo, olubuxulayo oluyakubuxula obo buhlabathi buphume ebandleni. Siswele ukubuyela emva kuMoya oyiNgcwele nomlilo, emva kwinto etshisela ngaphandle inkunkuma, ebuyisela intshumayelo yakudala, yenze iZulu liphakame, isihogo sibe shushu, umbhobho wompu woluke. Siswele olohlobo lwentshumayelo. Kodwa yenze nje namhlanje, ibandla lakho lakukukhuphela ngaphandle.

55 Ngamanye amaxesha abashunayeli abalungileyo balahlekiswa ngamabandla abo. Naso isizathu sokuba ndingabinahlelo. Ndinekomkhulu elinye, lelo lisuka eZulwini. Naphina apho Andithuma khona, ndiyakuya. Nayiphina into Ayithethayo, ndiyayithetha. Asifuni hlelo. Ukuba elibandla like lathetha ngehlelo, nilahlekelwe ngumfundisi wenu kanye ngeloxesha. Andinakuze ndihlale kulo, nangemizuzu nje emihlanu eminye. Naliphina ibandla elake lazenza ihlelo laya embewini, kwaye ndixelele ngalo libe linye elingenzanga njalo, ndixelele ngalo libe linye elake laphinda lavuka kwakhona. UMoya oyiNgcwele uthunyelelwe ukuba ukhokele ibandla, hayi iqela lamadoda athile. UMoya oyiNgcwele ububulumko bonke. Umntu uba ngonenkani, angakhathali.

56 UThixo wabaxelela ukuba Uyakubathumela uMkhokeli, Wayeyakubakhokela endleleni. Kwaye ukuba nje bathe balandela looNtsika yoMlilo, babelungile. Wabakhokelela phezulu kwisango lelizwe ledinga, kwaye Wahamba waphelela

apho yena. Waza uYoshuwa, elajoni likhulu, khumbula imini awabaxelelayo, “Zingcwaliseni, kwintsuku ezintathu uThixo uzakuvula iYordane ezantsi apha kwaye sizakuwela”? Ngoku qaphela into awayithethayo (ndiyayithanda lento) esiBhalweni, wathi, “Hlalani nikufutshane emva kweTyeya, kuba anihambanga ngalendlela ngaphambili.”

57 Yayiyintoni iTyeya? Lilizwi. Musa ukuhamba iindlela zakho zehlelo ngoku, hlala kanye emva kweLizwi, ngokuba akuzanga udlule ngalendlela ngaphambili. Kwaye, mzalwana, ukuba kwake kwakho ixesha apho ibandla lobuKristu kufanele lizixilonge ngalo, kungo ku kanye. Silapha ngoku kanye apho lentlanganiso inkulu iqhubekayo eRoma kanye ngoku, iiyantlukwano ziyenziwa, umanyano lwamabandla, xa onke la mahlelo amanyeneyo ukuze enze umfanekiso werhamncwa, kanye lento iBhayibhile iyithethayo. Kwakhona niyakwazi esikuthethileyo kusasa nje kwiMiyalezo. Kwaye naku silapha, kanye into yonke into isemnyango, babe abantu basalandelana nomgaqo wemfundiso. Kungcono uhlale emva kweLizwi! ILizwi lakukukhokelela ngaphesheya, ngokuba iLizwi nguKristu, kwaye uKristu nguThixo, kwaye uThixo nguMoya oyiNgcwele.

58 Hlalani emva kweLizwi! O, ewe, mhlekazi! Hlala naloo Mkhokeli. Hlala kanye emva kwaLo. Sukuba ngaphambili kuLo, hlala emva kwaLo wena. Livumele Likukhokele, musa ukuLikhokela. Livumele Lihambe.

59 UYoshuwa wathi, “Ngoku, anihambanga ngalendlela ngaphambili, akukho nto niyaziyo ngalendlela.”

60 Nantso inkathazo namhlanje. Awuswele mkhokeli ukuba akukhokelele ezantsi kwindlela ebanzi. O, uzazi zonke iindlela ezimxinwa nayo yonke into. Uyayazi yonke indlela eya esonweni. Akukho . . . O, kudala ukhona lithuba elide kakhulu. Akukho mfuneko yamntu uzama ukukuxelela ngalonto, uzazi zonke ezinqumlayo. Kunjalo, sono ngasinye, wazi konke ngaso. Akukho mntu ufanele ukuba akuxelele ukuba kubiwa njani na; lonto uyayazi. Akukho mntu ufanele ukuba akuxelele ukuba kuthukwa njani na, lonto uyayazi. Akukho mntu kufanele ukuba akuxelele ukuba ezizinto zimbi zenziwa njani na, kuba zanekwe kuwo wonke umthini kuyo yonke indawo.

61 Kodwa, khumbulani, nina bantu bangamaKristu, niwelele ngaphesheya. Ningene kwelinye eLizwe. Nizelwe ngokutsha. Nikwelona Lizwe, iLizwe laseZulwini. NikwiLizwe ledinga.

62 Ningakhangela, niyayazi indlela yenu apha. O, bethu, ewe. Niyayazi uku—uku, indlela yokuma kwesandla esithile samakhasi. Niyazi ukuba idayisi, xa liqengqeleka, ukuba lithetha ukuthini na, kwanayo yonke into efana naleyo. Kodwa xa kusiziwa ekwazini ubungcwele nobulungisa namandla kaThixo, kwanendlela uMoya oyiNgcwele osebenza ngayo

nento Oyenzayo, kungcono ukuba nihlale kanye emva kweLizwi, uMkhokeli. 'Yabona? Anihambanga ngalendlela ngaphambili.

63 Kuhle, uthi, "Ndandiyindoda elumkileyo mpela, ndandine—ndandinezidanga ezibini ekholejini." Kungcono ulibale ngalonto. Ewe, mhlekazi.

64 "Ndingene ndapasa esikolweni sobufundisi." Kungcono ulibale ngalonto. Ewe. Kungcono uhlale emva koMkhokeli. Mvumele ukuba akukhokele. Uyayazi indlela; wena awuyazi. Akuhambanga ngalendlela ngaphambili. "Kulungile," uthi, "bahambile."

65 Khangela ukuba bahambile na. UYesu wathi, "Abo bahambe ngalendlela, imiqondiso iyakubalandela. NgeGama Lam, bayakukhupha iidemoni, bathethe ngeelwimi ezintsha; okanye baphathe iinyoka okanye basele izinto ezibulalayo, aziyi kubenzakalisa. Ukuba bathe babeka izandla kwabagulayo, baza kuphila." Abaninzi babo bayaYikhanyela, beYiphika, bathi aYiphefumlelwanga nokuphefumlelwa. Abalandeli Mkhokeli. Balandela umgaqo wenkolo owenziwe ngumntu. Kungcono uhlale kanye emva kweLizwi, kuba akuhambanga ngalendlela, uyazi.

66 Kodwa uzelwe ngokutsha, kwaye uzalelwe ebungcweleni. Akuhambanga ngalendlela ngaphambili. Uha . . . Ukuba uhamba ngalendlela, kufuneka ungene ngobungcwele, ngokuba liLizwe elitsha, uBomi obutsha, abantu abatsha.

67 Uyakuza enkonzweni uve umntu ephakamisa ukukhwaza, "Uzuko kuThixo! Haleluya!"

68 Ngani, uyakuthi, "Nkosi, yam, azange bayenze lonto ebandleni lam! Ndizakuphakama ndiphume!" 'Yabona? Lumka.

69 Hlala emva kweLizwi, ngoku, vumela uMkhokeli akukhokele. "Uyakunikhokelela kuyo yonke iNyaniso, kwaye uyakutyhila ezi zinto Ndithethileyo ngazo kuni. Uyakunibonisa zona. Uyakunibonisa izinto ezizayo," uMkhokeli oyinyaniso. Musa ukuya kwibhishophu; yiya kuMkhokeli. Musa ukuya nakubanina koko kuMkhokeli. NguYe owayethunyelelwe ukukukhokela. NguYe oyakuyenza lonto. UThixo ukubonelele ngoMkhokeli. Thabatha indlela ebonelelwe nguThixo.

70 Ingxaki ngalonto namhlanje, kukuba abantu beza enkonzweni bahlale nje imizuzu embalwa, kubekho into eqhubekayo abangayiqhelanga.

71 Ndibuke umfazi omcinane osuka kwibandla elibandayo elisesikweni, ndiye ndamthandazela nje. UThixo uzakumphilisa la mfazi mncinane. Akakhange ayiqonde lento, akukho nto ebeyazi ngayo. Ungenile, wathi akazi nto. Kodwa ndimxelele, makeze kubonana nam. Ebenobuphakuphaku

obuthile kwaye esesemva, kodwa uMkhokeli uthe roqo emxelela, “Hambela phambili.” Uyifumene. Yiyo leyo. ’Yabona, kungenxa yoMoya oyiNgcwele osikhokelela kwezi zinto. ’Yabona, uThixo unendlela ekubonelelwe ngayo.

72 Wake wa . . . wake wawaqaphela amarhanisi asendle ewela, amadada esiya emazantsi? Kuhle, ngoku khumbula, eladada lidala lincinane lalizelelwe phaya phezulu equleni kwindawo ethile. Alazi mpuma, mantla, ntshona, namazantsi. Akukho nto liyaziyo ngaphandle kwelaqula likhulu phezulu phaya ezintabeni eCanada. Azange liphume ngaphandle kweliya qula, kodwa lalizalelwe ukuba yinkokeli. La nkunzana incinane yedada yayizalelwe ukuba yinkokeli. Kwaye into yokuqala, ngobunye ubusuku kwabakho ikhephu elikhulu eleza licanda incochoyi yeentaba. Kwenzeka ntoni? La mpepho ibandayo iyehla icanda emazantsi phaya. Ndinomfanekliso walo lingcangcazela, lisithi, “Mama, ithetha ukuthini lento?” ’Yabona, alizange liyive lamozulu ibandayo ngaphambili. Liqalisa ukujonga macala, liqalisa ukuqwalasela kumphetho wequla, kuyaqalisa ukukhenkceza, umkhence ufika phezu kwequla. Alazi, kodwa ngesiquphe . . . Lalizalelwe ukuba ngumkhokeli kula mhlambi wamadada. Liyakutsibela kanye phakathi esazulwini selo qula xa ithe yamfikela. Ungayibiza ngohlobo ofuna ukuyibiza ngalo. Siyibiza ngokuba yimpefumlelo, okanye ungayibiza ngokuba, O, ithuku nje, nokuba iyintoni na. Liyakuya kanye phandle esazulwini selo chibi, liphakamisele la mlonyana mncinane emoyeni, lihambe, “Kro-kro, kro-kro!” Kwaye lonke idada elikwelochibi liyakuza ngqo kulo. Ngoba? Ayayazi inkokeli yawo, ayazi nje ngendlela ekhala ngayo.

73 “Ukuba ixilongo linika isandi esingaqondakaliyo, ngubani na owoyixhobela imfazwe?” Kuhle. Ngubani onokuyixhobela imfazwe ukuba ixilongo likhupha isandi esingaqqondakaliyo?

74 Kulungile, ukuba ela dada lincinane linika isikhalo esingacacanga, ngubani na oyakuzilungiselela ukubhabha? Ela dada lincinane lidala liyakuphakamisela umlomo walo omncinane phandle phaya, “Kro-kro, kro-kro!” Kwaye lonke idada elincinane liya kuya kulo. “Kro-kro, kro-kro!” Nanga ke. Umgcobo onjani wejubhili ayakuba nawo, kanye phaya esazulwini sequla, ejikela ngapha nangapha nangapha. Emva kwethuba liyaliva lifika phezu kwalo, kufuneka ukuba lihambe. Linabisela impikwana zalo phantsi libhabhe limke kwelo qula, lintingele emoyeni lijikeleze kane okanye kahlanu, liya ngqo eLouisiana kangangoko linohamba ngako, onke amadada esemva kwalo kanye. “Kro-kro, kro-kro,” nalo lisiza. Ngoba? Lingumkhokeli! Amen! Amadada ayayazi inkokeli yawo, ibandla aliyazi. Ewe, yena uyayazi into amakayenze.

75 Khangela oorhanisi abadala, besuka eAlaska. Ngoku, kukho inkuzi karhanisi endala esoloko ibakhokela, kwakhona la marhanisi kufuneka ayiqwasele kakuhle lo nkuzi yerhanisi

indala. Kufuneka ayazi ukuba loo nkuzi yerhanisi ithetha ngantoni na. Nake nayifunda lonto kuLindixesha *iLook* apha malunga neminyaka emine edlulileyo, apho ngethuba elithile inkunzi endala yerhanisi eyayingayazi into eyenzayo, yaza yakhokela iqela lorhanisi ukuya kude lee eNgilane? Kunjalo. Akazange aziwe ngobukho eNgilane ngaphambili. Ngoba? Akazange ayiqaphele inkokeli ya—yawo. La nkunzi yerhanisi indala yayingazi apho yayisiya khona. Kwaye ngoku angaphesheya phaya akakwazi ukubuya.

76 Nanko undonakele kumarhanisi amaninzi namhlanje, asabumbana. Bathi, la Lindixesha *iLook* wathi, la marhanisi ayahlanganisana abhabhe phezu kweNgilane, kodwa akayazi indlela yokubuya. Yilento kuyiyo namhlanje ngamanye *amarhanisi* endiwaziyo. Uba nomhlangano, nentlanganiso enkulu engumlembelele, ube nomphathi mvuselelo ozakufika ashumayele umzuzwana, kodwa awazi apho uya khona. Nihlangana nijikelezele ngapha nangapha, kuba ninenkunzi yerhanisi yokunikhokelela ngaphandle kwigquba lehlelo; hayi emva eLizwini likaThixo, emva elubhaptizweni loMoya oyiNgcwele. Size ke simangaliswe ukuba kutheni na singenayo nje imvuselelo ngeemihla yethu. 'Yabona? Kufuneka ufumane esa Sandi siqondakalayo! Eso Sandi lixilongo leNdaba ezilungileyo liphefumlela ngaphandle iiNdaba ezilungileyo, lonke iLizwi likaThixo. Hayi umgaqo wenkolo, hayi ihlelo; koko iBhayibhile, uMoya oyiNgcwele. "Nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholwayo." 'Yabona? Nabo ke besihla ngendlela.

77 Enye inkunzi yedada endala ngelinye ithuba, bathi, yabulalisa iqela, izama ukuwabhabhisa inqumla ebumnyameni, azange lazi apho liya khona, lona ngokwalo, aza onke antlitheka ezintabeni phandle phaya, aza amanye awo avuthuluka, agqabhuka. Ngokwenene! Kufanele asazi isikhalo sawo esiqondakalayo. Ela dada lidala lincinane, ukuba linesikhalo esiqondakalayo kwaye wonke ubani uyasazi, aba nomhlangano omncinane wokuzonwabisa aze emke aye emazantsi. Aya kuthini apho? Kulapho kungabandiyo.

78 Ngoku, ukuba uThixo wanika idada ingqondo eyaneleyo ukuze lazi indlela yokuphepha ingqele, Akufanelenga abe Ulinikile ibandla? Ukuba idada lingayenza lonto ngethuku, kukanjani ngoMoya oyiNgcwele ebandleni? Kufuneka asikhokele asisuse kwizithethe ezidala neenkolo nezinto ezinjalo, asise kubhaptizo olungummangaliso, olunobuqaqawuli, loMoya oyiNgcwele, apho kukho isidima, ulwazi, umonde, ukuhlonela uThixo, noMoya oyiNgcwele. Nantso into uMkhokeli wenyaniso ayakukhokelela kuyo, kuba akukho nto iyenye Ayakuyiphefumla koko ziiNdaba ezilungileyo, iLizwi likaThixo kuphela. Ngokwenene, uswele uMkhokeli!

79 Xenikweni, izazi, akukho nto zaziyazi ngoThixo. Zazi—zazingabenzi bobugqi, inkunkqele zobugqi. Zazingaphesheya eMpumalanga. Uyazi, yathi iBhayibhile, “Siyibone eMpuma iNkwenkwezi yaKhe, size kuMnqula.” Zazisuka entshona, zajonga empuma zabona iNkwenkwezi Yakhe. . . okanye zajonga entshona, zaziseMpuma. Besise Mpuma, sayibona iNkwenkwezi yaKhe entshona. ’Yabona? “Siyibonile iNkwenkwezi Yakhe eMpuma.” Kwaye, khangela, zaziseMpuma. “Xa besiseMpuma siyibonile iNkwenkwezi, kwaye size kuMnqula.”

80 Ndinomfanekiso ndibona abo bafo belungiselela ukuhamba. Ndinomfanekiso womnye wabafazi bawo esithi komnye, wathi, “Khawutsho, yonke into ipakishiwe, kodwa iphi ikhampasi yakho?”

Wathi, “A—Andizukusebenzisa khampasi kwelithuba.”

81 “Ngoko, uzakunqumla njani ezintabeni?” Khumbula, kwakufanele ukuba bawele uMlambo iTigris baze behlele ezantsi banqumle amathafa, kwaye, ngoba, babenohambo lweminyaka emibini bekhwele iinkamela. Bazakuyenza njani lonto? Wathi, “Ngoko, aniphathi nekhampasi.”

Wathi, “Hayi.”

“Uhamba njani?”

82 “Ndihamba ngendlela ekubonelelwe ngayo nguThixo. Laa Nkwenkwezi iphaya phesheya iza kundikhokelela kula Kumkani.” Nantso ke.

83 “Sibone iNkwenkwezi yaKhe eMpuma, saYilandela yonke indlela ukuza apha entshona, ukuza kuMnqula. Uphi? Balandela indlela ekubonelelwe ngayo nguThixo. Bake babopheleleka kwisipha semigaqo yenkolo ezantsi phaya okwethutyana. Bangena eYerusalem baqala ukuhla benyuka ngesitrato, aba bantu banxibe kakuhle, besithi, “Uphi na? Uzalelwa phi na Yena uKumkani wamaYuda?” Leyo yayi ndawo eyintloko, leyo yayiyiYerusalem. Ngokuqinisekileyo iqela elikhulu kwakufanele ukuba kubekho into eliyaziyo ngalo Nto. “Uphi na Yena? Uzalelwe phi na uKumkani wamaYuda? Sibone iNkwenkwezi yaKhe eMpuma, size kuMqula. Uphi na Yena?

84 Ngani, baya kumfundisi *uziBani-bani* nakumbingeleli omkhulu *uziBani-bani*, akukho namnye kubo owaba nento ayaziyo ngaloNto. “Ngoba, Ukho ozelweyo uKumkani wamaYuda, Uphi? Babengazi.

85 Kodwa kwakukhona iqela labelusi ngaphandle phaya ethambekeni bezonwabele, ewe, mhlekazi, kuba babeze ngendlela ekubonelelwe ngayo nguThixo.

86 Ngoko bahlala phaya, waza ngokungqalileyo wathi, “Ndizakunixelela into esifanelwe kukuyenza, kufanele ukuba

sibize intlanganiso yebhodi." Ngoko ke babiza iBhunga leSanhedrin, baza—baza bacinga ukuba ikho into abayivileyo ngalo Nto. "Hayi, akukhange kubekho nto siyaziyo ngalo Nto."

87 Ikwa yilento kuyiyo namhlanje. Akukho nto bayaziyo ngaloMkhokeli, lo Moya uyiNgcwele uphilsayo, uzalisayo, usindisayo, uzayo kwakhona. UMkhokeli osixelele zonke ezi zinto zenzekayo, naku ke siphakathi kwazo. UMphengululi weengcinga zentliziyo; akukho nto bayaziyo ngalonto, baYibiza ngokuba ngamandla okugqithisela iincinga zakho komnye umntu ngaphandle kokusebenzisa imiqondiso okanye enye into. Abazi ukuba bathethe ntoni na ngaYo.

88 Ngoko, 'yabona, ezo zazi, ukuba . . . Khumbula, xa zathi zakungena eYerusalem, iNkwenkwezi yathi shwaka. Okoko nje usakhangela imigaqo yenkolo nendoda yenkolo yehlelo ukuba ikukhokelele kuThixo, uncedo lukaThixo luyakukushiya. Kodwa zathi zakudinwa yiloo nto, zabashiya, zayishiya imigaqo namahlelo aloo maYuda, zaze zaphuma eYerusalem, iNkwenkwezi yavela kwakhona zaze zavuya ngovuyo olukhulu. Zambona uMkhokeli kwakhona! O, indlela ekuyiyo, ukungena kwibandla elidala elibandayo lesithethe, uze ke ubuyele emva kwelililo elivuthayo, ubone uMkhokeli ekhokela, ngonjani wona umahluko! Ewe, "Sibone iNkwenkwezi yaKhe eMpuma kwaye size kuMkhonza."

89 UYoshuwa wathi kubo, "Ngoku landelani iTyeya, ngoba anihambanga ngale ndlela ngaphambili." UThixo akasokuze ayivumele lo Tyeya ukuba iye nakwiyiphina indawo koko kokulungileyo. Wonke ubani waYilandela, wawela ngqo eYordane

90 Iyafana nanamhlanje, ngoMoya oyiNgcwele. Ewe, mhlekazi. Into nje esiyaziyo ukuba nguMoya oyiNgcwele na okanye hayi, sibone imbona— . . . imbonakaliso Zayo, iimbonakaliso zingqinela iLizwi likaThixo.

91 Ngoku, kungekudalanga kakhulu, inkitha yabazalwana yayine gazi ne oli, kwaye ilungile lonto ukuba bafuna ukwenza ngolohlobo. Ndi . . . Olo ayilongqinelo kum. Lungqinelo lwesiBhalo, 'yabona, ukuba ingqinela into uThixo awayithethayo, lonto leyo ilungile. Bathi, "Esi sisizathu sokuba ube noMoya oyiNgcwele, uneoli esandleni sakho." Ngoku, Ndi-Andinakuhamba nalonto. 'Yabona? Hayi, andikholelwa ukuba ioli inento yokwenza nayo. Kwaye ukuba lelo ligazi elizakuphilisa nosindiso, kwenzeka ntoni kwiGazi likaYesu Kristu? Ukuba ngaba lo oli iyaphilisa, kuthiwani ngimivumbo Yakhe? 'Yabona? 'Yabona?

92 Ndithanda ukuba uMkhokeli eze, onizisa enyanisweni yeLizwi, ngoko uyazi ukuba urhangqwe ngaphakathi kwaye

elungele ubalo ukusukela emva. Kunjalo, ulungela ukubhabha umke. Ewe, mhlekazi. Ewe, kuba ngani? UMkhokeli nguye oyenza ukuba ibeyinyaniso.

93 Ndinesifundo sesiBhalo apha, ndike ndazinika ezi ziBhalo, kodwa ndifuna ukusifunda esi. NguPetros wesibini, isahluko sokuqala, umqolo wamashumi amabini ananye.

> *Kuba . . . akukhanga kubekho siprofeto ngokuthanda komntu; bathi abantu abangcwele bakaThixo bathetha beqhutywa nguMoya oyiMgcwele.*

94 Seza njani isiprofeto? Hayi ngentando yomntu, ngeenkolo zamahlelo; kodwa ngentando kaThixo, xa amadoda angcwele aqhutywa nguMoya oyiNgcwele. Ubesoloko enguMkhokeli kaThixo. Yayingu Moya oyiNgcwele lowo wawukwiNtsika yoMlilo, lowo yayinguMoya oyiNgcwele, nawuphina umntu uyazi ukuba lowo yayinguKristu. UMoses wayishiya iYiphutha, waxabisa ihlazo li-kaKristu ngaphezulu kunobutyebi baseYiphutha. UKristu yayiNguye! Kulungile, bema phandle phaya bathi, "Uthi Unguye. Ngoba, awukho ngaphezu kweminyaka engamashumi amahlanu ubudala, uze uthi Umbonile u-Abraham?"

95 Wathi, "Phambi kuka Abraham, NDINGUYE." UNDINGUYE Nguye owadibana noMoses kwiNtsika yoMlilo kwityholo elivuthayo. Ewe, mhlekazi. WayenguThixo esenyameni. Hayi umntu wesithathu; uMntu omnye kwisikhundla esahlukileyo. Hayi ooThixo abathathu; izikhundla ezithathu zoThixo omnye. Ngokunyanisekileyo.

96 Kulungile, ngoku, isiBhalo. Ngamaxesha onke, xa uThixo enika, Unika okulungileyo. Xenikweni uThixo wanika indlela yokuqinisa iBandla Lakhe, Wanika okulungileyo. Xenikweni wanika u-Adam no Eva, emyezweni wase-Edeni, into Awabanika yona liLizwi Lakhe. "Hlala emva kweli Lizwi, ukhuselekile. Kodwa ukuba uyaphuma Kulo, mini nadla kuwo lo mini niyafa." UThixo akazange abutshintshe ubuchule Bakhe. Kwaye noSathana akazange abutshintshe obakhe; indlela awangena ngayo ku-Adam no-Eva, ungena ngayo kubo namhlanje. Ngoba? Ngokuzama ukuYiqiqa. "Ngoku, kufanelekile ukuba uThixo abe ebengenako. O, uThixo uthe," wathi uSathana, "kodwa ngokuqinisekileyo uThixo ongcwele akanuyenza lento." Ngokuqinisekileyo Uyakuyenza, ngokuba Uthe Uyakuyenza!

97 Kwakhona yilento abantu abayithethayo namhlanje, "O, ngoku yima! Akukholelwa ngoku, ukuba ngaba ndiya ecaweni ndihlawule izishumi zam, ze ndenze *oku, okunye*, uThixo uyakundisingela phantsi?" Ngaphandle kokuba umntu uzelwe ngokutsha kwakhona, akasokuze abuqonde kwa ubuKumkani bukaThixo! 'Yabona? Akukho zizathu! "Indoda ehluphekileyo endala, umama ohluphekileyo omdala, kukho umphefumlo

omdala olungileyo." Indlela enye abangambona ngayo uThixo, kukuzalwa ngokutsha. Kuphelele apho. Andikhathali nokuba mncinane kangakanani na, mdala kangakanani na, mtsha kangakanani na, nokuba benza ntoni na, nokuba baya kangaphi na enkonzweni, nokuba mangaphi na amahlelo abawaziyo, zingaphi na imigaqo abanokuyicengceleza. Kufanele ukuba uzalwe ngokutsha okanye awukho nasesikweni, ukuqala. Lonto ilunge kanye.

98 Ngoko, uyabona, uswele uMkhokeli. Uyakukukhokelela eNyanisweni, kwaye iNyaniso iliLizwi. Uyakukukhokela. Kwaye oko kwahlala kunjalo. UThixo akufanele ukuba abe nakutshintsha nantoni na, kuba Akanasiphelo kwaye Uyazi ukuba kokuphina okukuko. Ukho kwindawo zonke ngamaxesha onke, Unobulumko bonke, U—Ukuko konke. Kulungile, uThixo unjalo, ngoko Akufanele ukuba atshintshe. Kulungile.

99 Ungumqinisekisi wendlela Ayikhokelayo. Umoya oyiNgcwele, uMkhokeli, nmguMqinisekisi weLizwi elinye Alifundisayo. Ngoku, uLuka wayekhokelwe nguMkhokeli, ukuthi, "Hamba uye kulo lonke ihlabathi, ushumayele iiNdaba Ezilungileyo kuyo yonke indalo. Lowo uthi akholelwe aze abhaptizwe uyakusindiswa, lowo uthi angakhowa uyakugwetywa. Le miqondiso iyakubalandela abo bakholwayo; eGameni Lam bayakukhupha iidemoni, bathethe ngeelwimi, bathabathe iinyoka, basele izinto ezibulalayo, babeke izandla kwabagulayo baza kuphila." Kwakhona iBhayibhile yathi, "Baya kuzo zonke iindawo," bekhokelwe nguMkhokeli, uyazi, "bashumayela iLizwi, nemiqondiso ibalandela." Yayiyintoni lonto? UMkhokeli engqina loo Nto ukuba yayiyiNyaniso!

100 Leyo yayinkqubo kaThixo. Leyo yayindlela eyayibekwa ngayo. Leyo yayinkqubo yaKhe; Akasokuze atshintshe kuyo, ngokuba ungunaphakade. Amen. Akanakuze atshintshe kuyo; UnguThixo. Ndingatshintsha; ndingumntu. Ungatshintsha; uyindoda okanye umfazi. Kodwa uThixo akanakutshintsha. Ndinesiphelo; ndingenza iimpazamo ndithetha izinto gwenxa, sonke singayenza lonto. Kodwa uThixo akanako, aphinde abe nguThixo. Isigqibo saKhe sokuqala sigqibelele. Indlela uThixo asebenza ngayo endaweni, yiloo ndlela ekufanele ukuba Asebenze ngayo lonke ixesha. Ukuba ubiziwe endaweni ukuza kusindisa umoni, Umsindisa phezu kwento enye. Ngethuba elilandelayo umoni esiza, kufanele ukuba enze ngohlobo olunye, okanye wenze ngohlobo olungafanelekanga xa Ebesenza ngethuba lokuqala. Amen. Ndiyamthanda. Ndiyazi ukuba yiNyaniso.

101 Ndinamashumi amahlanu anesithathu eminyaka ubudala, bendishumayela ivangeli apha ithuba leminyaka engamashumi amathathu anesithathu anesiqingatha andizange ndiyibone isiwa phantsi. Ndiyibone ivavanywa amaxesha asixhenxe

kwihlabathi jikelele, kuzo zonke iintlobo zonqulo kwanayo yonke enye into, phambi kwesihlwele esingangesiqingatha sesigidi ngelinye ithuba, kwaye zange ike iwe phantsi. Andithethi ngencwadi ethile, ndithetha ngamava am, ukuba ndiyazi ukuba uThixo uma emva kweLizwi laKhe kwaye Uyalimela. Ngoku, ukuba unohlobo oluthile lwenkolo, kufuneka uyilumkele lonto. Kodwa uMoya oyiNgcwele uyakulixhasa iLizwi likaThixo.

102 KoNgcwele uYohane, isahluko sokuqala nomqolo wokuqala, wathi, "UnguLizwi. UnguMkhokeli. Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu." Bethu!

103 UPetros wakhokelwa ukuthi, kwiZenzo 2:38, ufumaneka kanjani uMoya oyiNgcwele, wathi, "Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono kuze ke uMkhokeli anithathe ukusukela apho ukuya phambili." Ewe, leyo yinto emayenziwe. Kuqala, guqukani kwizono zenu, ukungakholwa kwenu, kwinto yokuba akuzikholelwanga ezi zinto. Guqukani, nize nibhaptizwe, kuze ke uMkhokeli anithathe ukusukela apho ukuya phambili. 'Yabona, lowo ngumsebenzi wakho. Ngumsebenzi wakho ukuguquka. Ngumsebenzi wakho ukubhaptizwa. Kuze ke ibe ngumsebenzi woMkhokeli ukukuthatha ukusukela apho ukuya phambili, akukhokele ukusuka kwisidima kuye kulwazi, kubungcathu, kumonde, kubulungisa, nakuthando lobuzalwana, uze uMoya oyiNgcwele akutywine. 'Yabona? Ngoko usisimo esipheleleyo sikaThixo, indoda yenyaniso kaThixo, umfazi wenyaniso kaThixo, osekelwe kude kuKristu. Ndiyayithanda lonto, oko kusekelwa kude kuKristu.

104 Ewe, uMarko wayekhokelwe nguMoya oyiNgcwele, ukubhala uMarko 16, eneneni.

105 UYohane wayekhokelwe xa wabhala iZityhilelo. Wayekhokelwe nguMkhokeli. Kwakhona wayekhokelwe nguMkhokeli ukuthi, "Xa umntu athe wasusa iLizwi elinye kuyo, okanye wongeze ilizwi elinye kuyo, ngokunjalo kuyakususwa isabelo sakhe, eNcwadini yoBomi."

106 Ngoku, uzakumisela enye into kanjani endaweni yeLizwi likaThixo, ubuye uthi ukhokelwe nguMoya oyiNgcwele? Ayivakali, iyavakala? Hayi, mhlekazi. Ayivakali.

107 Ubesoloko enguMkhokeli wam ebomini. Undikhokelele ebomini. Yaba nguYe owandikhokelela ebomini, kwaye ubuBomi bam. Ngaphandle kwaKhe andinabo uBomi. Ngaphandle kwaKhe akukho nto yimbi ndiyifunayo. Uyinto yonke, ngeeyure zenkathazo yam, uma ngakum. Izolo undithamsanqele, namhlanje benze ngokunjalo. Yintoni endinokuyilindela? Ongatshintshiyo ngonaphakade,

lidumise-ni iGama laKhe! Amen. Ewe Mhlekazi. Ukuthembisile oko. Uyakukwenza. UbuBomi bam. UnguMkhokeli wam, Uyinto yonke. NdaMthemba. Ndike ndanezilingo ezinzima. Ndiyamthemba naphina apho ndiya khona. Ndifuna ukuba niyenze lonto. Ukuba niyakuhlamba, nina bafazi, thembani Yena. Ukuba nihamba embindini wedolophu, thembani Yena.

108 Ndake ndanexesha apho ndacinga ukuba ndingunomahlathi olungileyo, niyazi, ndizingele kakhulu. Ndacinga, "Andinakonakala, akukho mntu uza ku... Wawungenakundilahla. Umama wam wayeliNdiyakazi elingagqibelelanga, kwaye ndiyayithanda lonto. O, bethu? Akungeze undilahle ehlathini, ndiyazi apho ndikhoyo."

109 Ndaza ukunduluka...kwixesha lam leholide yasemva komtshato, Ndaba nokuqhatha okuthile okuncinane enkosikazini, ndamxelela, "Uyazi, sthandwa, ingaba yinto entle kuthi ukuba sitshate ngomhla wamashumi amabini anesithathu ku Oktobha." Ngokuba, kungeloxesha iNkosi yandixelela ukuba ndenze njalo.

110 Ndaza ndacinga, "Ngoku, kwiholide yasemva komtshato encinane! Ndayigcina imali yam, ndiza kumsa ngapha kwiiNgxangxasi ze Niagara, siwelele ngaphezu kwe Adirondack ndenze ukuzingela okuncinane." 'Yabona? Ngoko ndamthatha noBilly, wayeseyintwanana nje encinane. Ngoko ke kwakufanele ukuba ndimthathe ndimse kwiholide yasemva komtshato, kwakhona yayiluhambo lokuzingela, ngokunjalo, uyazi. Ngoko-ngoko ndacinga ukuba iyakuba yinto elungileyo endinokuyenza. Ndaza ke ndenyuka naye, kwaza i...

111 Ndabhalela uMnumzana uDenton, unomahlathi. Kwaye sasinyuka kwiNtaba yeNkanyamba. Ndaza ndathi, "Mnumzana uDenton, ndiyenyuka, ndifuna ukuzingela ibhere nawe ngolu Kwindla."

112 Waza wathi, "Kulungile, Billy, nyuka uze." Wathi ngoko, "Ndakube ndilapho ngomhla othile-thile." Heke, mna nenkosikazi safika apho ngosuku olungaphambi kwelo, noBilly, yaza ke indlu yatshixwa, kwabakhona ukuxhomekeka okuncinane emva phezulu emahlathini.

113 Apho, mna noMzalwana uFred Sothmann saya kungekudala sema khona. UMoya oyiNgcwele, ndaMbona emi apho, okwakuKhanya kumthubi kuhamba kujikeleza ehlathini, noFred emi kanye phaya. Wathi, "Yiza bucala, ndifuna ukuthetha nawe. Ngomso," wathi, "lumka, bakwenzele umgibe." Wathi, "Phapha!" Kunjalo, Mzalwana uFred? Ndaza ndahamba ndaya kuxelela amakhulukhulu abantu ngobo busuku, ngaphesheya eVermont, ndathi, "Kukho umgibe endiwenzelweyo; ndiza kuwubona. Andazi ukuba undawoni na." Kwaye kanye kobo busuku bulandelayo, nanko usiza, wawulapho. Ndathi, "Nanku lo mgibe ndiwenzelweyo."

Ewe, mhlekazi. Kodwa uMoya oyiNgcwele wandikhokela ukuba ndenze ntoni na. Kwaye, o, bethu, lonto nje yayilunge kanye! O, abaninzi benu bayazi ukuba yayiyintoni na. Andinalo ixesha lokuyixela.

114 Kodwa ndimi apho kuloo ndawo ngeloxesha, kwaqalisa ukubanda ngaloo mini. UMnumzana uDenton wayesiza ngosuku olulandelayo, ndathi, "Uyazi, sthandwa, ingayinto entle ukuba ndingafumana inkunzi yenyamakazi enkulu ndiyise ekhaya." Ndathi, "Senza njalo . . . Kufuneka ndigcine ezipeni, kwaye sasisandul'ukutshata." Ndaza ndathi, "Singayifumana inyama yethu yasebusika ukuba ndinokuzingela kancinane namhlanje."

115 Waza wathi, "Kulungile, qhuba, Billy." Wathi, "Ngoku, uyakhumbula, andizange ke ndibe kulamahlathi," watsho. Wayemalunga neemayile ezingamashumi amabini anesihlanu phezulu ezintabeni, uyazi, waza wathi, "Akukho nto ndiyaziyo ngalento."

116 Waza wathi, ngoko ndi . . . Ndaza ndathi, "Kulungile, ngoku, uyakhumbula, kwiminyaka emibini edlulileyo ndabulala loo mabhere mathathu. Kwakusemva kanye phezu kwencochoyi yentaba edlulileyo ngaphesheya phaya." Ndaza ndathi, "Ngoku, ndiza kufumana inkunzi yenyamakazi enkulu size sifumane ibhere elithile," ndaza ndathi, "sakubanayo ngaphakathi inyama yethu yasebusika." Lonto yavakala ilungile kakhulu, uyazi. (Sakha amaqunube, safumana amalahle ethu obo bu—obo busika; waza ngoko ke uBilly wawathengisa, ndaza mna noMeda sawakha amaqunube ngobusuku ndakube nditshayisile ekugadeni kwam.) Ngoko ke ndathi—ndathi, "Kulungile ndiza kuthatha umpu wam, ndiza kuhla apha." Ndathi, "Kukho amaxhama amaninzi ngaphakathi apha, ndakulifumana elinye." Ndaza ndathi, "Uyazi," ndathi, "ngoko ndizakulifumana." Ndaza ndathi, "Kulungile . . . ndiza kubuya emva kwethutyana."

Wathi, "Kulungile."

117 Ngoko, ukunduluka kwam, kwakuphantsi ngohlobo oluthile. Kwaye nina bantu base New Hampshire, kwanaphezulu eNew England, niyazi ukuba kuthetha ukuthini xa la nkungu isihla, okanye nakwiyiphina indawo ezintabeni, akuzazi apho ukhoyo. Kuphelela apho. Akungeke usibone isandla sakho phambi kwakho. Ngoko ke ndehla ngokujengqajengqa oku—okuncinane, fana, nokwehla, ndaza ndaqabela ndacanda uqolo ndenyuka. Ndaza ndaqaphela ingwe, ungayibiza ngolohlobo apha kwelicala lelizwe. Siyibiza, eNtshona, ngokuba yicougar. Bayibiza phezulu phaya, ingonyama yasentabeni. Yinyamakazi nje enye. Yingonyama yasemelika, eyona nto kanye iyiyo. Ikati enye, malunga neenyawo ezilithoba ubude, ubunzima malunga nekhulu

elinamashumi amahlanu, amakhulu amabini eeponti. Yacanda indlela, ndaza ndagangxa umpu ngokukhawuleza, kungengokukhawuleza okwaneleyo ukuba ndiyidubule.

118 Ndatshebelezela ngaphezulu kwenduli, ndisukela lengwe, ndiqaphele amagqabi apho ihambe khona, uyazi. Ndandinokuyiva. Yayineenyawo ezine. Ndandisazi ukuba ayisosilwanyana sinenyawo ezimbini, sinenyawo ezine. Kwaye ndandisazi ukuba ayiloxhama, ngokuba ixhama liyangqisha. Kwaye inokutshebelezela lula kakhulu, ikati, uyazi, ngola hlobo. Kwaye ibhere liyazisonga iinyawo zalo xa lihamba. Ngoko ke ndazi ukuba kufanele ukuba ibe yingwe. Kwaye yayisemva kwesigodo ndaza andayibona, ukusukela ekubeni ndayelama, yaphela emehlweni.

119 Ndaza ndaqaphela indlela eyayiphazamisa ngayo amagqabi, uyazi, ngaphaya ngaphezu kwencochoyi yentaba, ukuhla ngoluhlobo, kwaye ndandingaliqwalaselanga elaa lifu lisihla ngalo lonke ixesha, uyazi, ndisihla enkungwini. Ndatshebelezela ndehla, ndehla ngentlambo enkulu ndaza ndehlela kwamakhulu, ndilandela lengwe. Ndacinga, "Ndiza kuyifumana emva kwethutyana." Ndiza kubona indawo, ndize ndibaleke phezulu kwindawo ephakamileyo, ndize ndikhangele macala onke ngoluya hlobo, ndize ndikrwaqule macala, ndibone ukuba ndingayibona; ndiphulaphule kufuphi kakhulu, ndize ndihle, nditshebelezele ndihle kwakhona. Wawungeva umsila uhamba usithi walakahla, kude ngaphambili kwayo njengoko yayiphuma. 'Yabona, yayibetha imithi ngoko ke ndandingenakuyilandela. 'Yabona, yaba krele krele, yakhwela emithini yaza yatsiba ukusuka komnye iye komnye. Ngoko yayisazi ukuba andinako ukuyilandela apho. Owu, ndacinga, "Owu, kakade!

120 Ndaza ndabuya umva ngokunyuka umwonyo, ndaza ndeva ivumba lebhere, inkunzi yebhere endala. Ndacinga, "Ndizakulifumana ngoku, mfana, ilungile lento!" Ndaliva kwakhona, ndahambela phambili kancinane, ndaza ndaqaphela zonke iintlobo zeempawu nayo yonke into. Andizange ndibone nto; ndajika ndehla, ndaza ndehla ngelinye icala lentaba. Ndaza ndaqalisa ukuqaphela, kuqalisa ukubakho inkungu. Ndandiza kuliva kwakhona, lalisemoyeni kwindawo ethile. Ndathi, "Hayi. Ngoku, kwenzeke ntoni, umoya ubusiza *ngapha*, ndaza ndafumana ivumba lebhere ukusukela *ngaphaya* ezantsi, ndaza ndacanda apha ngoku nomoya usiza kweli cala. Ngoko kufuneka ndibuyele emva apho bendive khona ivumba lebhere kuqala, ze ndihambe nalo ukusukela apho."

121 Ndaza endleleni yokubuya umva, ndakhangela macala onke omwonyo, ndabona amatyholo eshukuma. Ndaza ndakwenza njalo, into emnyama yashukuma. Ndacinga, "Nantsiya." Ndaphosa imbumbulu ngaphakathi emmpini,

ngokukhawuleza, ndema ndathi cwaka. Ndaza, yakwenza njalo, yayiyinkunzi yenyamakazi enkulu, eyona inkulu kakhulu. Ndacinga, “Yilento kanye bendiyifuna, kakade.” Ndayidubula loo nkunzi yenyamakazi.

122 Ndacinga, “Heke!” Andizange ndiqaphele ukuba kuthande ukuba . . . Lixesha lokuba ndiyixhele, ndajonga . . . Ndahlamba izandla zam ndalungisa imela yam, ndayibuyisela emva. Ndaza ndacinga, “Makabongwe uThixo! Enkosi, Nkosi Yesu, Undinike inyama yam yobusika. Udumiso malube kuThixo!” Ndaza ndathatha umpu wam. Ndacinga, “Ndiza kubuyela emva kanye ndinyuke umwonyo apha ngoku.” Ndathi, “Jonga apha, mfana, isaqhwithi siyeza. Kungcono ndiphume apha ndibuyele emva kuMeda nabanye.” Ndathi, “Kufuneka ndikhawuleze.”

123 Ndenyuka umwonyo, ndakhulula amaqhosha edyasi yam enkulu ebomvu, ndandibaleka ndinyuka umwonyo ngolu hlobo, macala onke. Into yokuqala oyaziyo, ndacinga, “Bethu, bendijike ndawoni?” Umoya wawusele usezantsi, imithi ibethabethana. Ndacinga, “Bendijike ndawoni?” Ndajikeleza. Nda—ndandisazi ukuba ndiya kanye ngqo kwiNtaba yeNkanyamba. Kodwa ndathi ndema, ndandibilile, ndacinga, “Kwenzeka ntoni apha? bendimke isiqingatha seyure, okanye imizuzu engamashumi amane anesihlanu, kwaye andiyifumani le ndawo apho ndijike khona.” Ndakhangela phezulu, naliya ixhama lam lijinga. Ndandikwindawo enye kanye. Ndacinga, “Ngaba ndenze ntoni na?”

124 Ndibuye, ndathabathisa kwakhona. Ndacinga, “Ndizakuyifumana ngoku, ndandingaqapheli nje.” Ndaqaphela nayiphina intshukumo encinane kuyo yonke indawo, ndiqwalasele. Ndafuna njalo, njalo, njalo. Loo mafu esiza, ndisazi uqhwithela lwekhephu lwalusiza, inkungu irhuqa phantsi, ndaza ndaqala ndaqaphela. Ndacinga, “Ndiza kuhambela phambili kancinane,” ndahamba, ndahamba, ndahamba, ndahamba, ndahamba, ndahamba, ndahamba. Ndaza ndacinga, “Lento ayiqhelekanga, kukhangeleka ngokungathi ndike ndayibona le ndawo ngaphambili.” Ndaza ndajonga kwakhona, naliya ixhama lam lijinga. ’Yabona?

125 Uyayazi into endandikuyo? AmaNdiya athi xa eyibiza “luhambo lokufa.” ’Yabona, uhamba esangqeni, jikelele jikelele. Kulungile, ndacinga ukuba ndingumkhokeli olunge kakhulu ukuba ndingaze ndilahleke. ’Yabona, akukho nto yayinokundixelela ngamahlathi ndandiyazi indlela yam. ’Yabona?

126 Ndaphinda ndathabathisa kwakhona. Ndathi, “Andinakuyenza le mpazamo.” Ndaza ndabuya umva kwakhona.

127 Ndenyuka umwonyo umhlatyana omncinane, kwakusele kuqalisile ukuvuthuza. Owu, bethu, ikhephu kuyo yonke

indawo! Phantse kuye kungcwalazi. Kwaye ndandisazi ukuba uMeda uyakufa ngobo busuku endle, wayengazi ukuba angazikhusela kanjani na. Kwakhona uBilly wayemalunga neminyaka emine ubudala, iminyaka emithathu ubudala, intwana nje encinane. Ndaza ndacinga, "Baza kuthini?" Ndinyuke ukuza kuthi ga kule ndawo ndaza ndabetheka kwibhedi yobulembu, ndacinga, "Ndandikwindawo ethile ethe tyaba, kwaye akukho nto ndinokuyibona, kuyinkungunje." Ndandijikeleza ngoku.

128 Ngokwesiqhelo, ngendizifumanele indawo ndimise kuyo, ukuba bekukho umntu ebendinaye. Bendizakumisa ndilinde de uqhwithela ludlule, usuku okanye iintsuku ezimbini, ndize ke ndiphume. Ndisike indawo yexhama lam . . . phezu komqolo wam, ndingene ngaphakathi, ndidle, ndilibale ngayo. Kodwa awungeke uyenze lonto, umntwana wakho nenkosikazi yakho balele phaya ehlathini, besifa. 'Yabona?

129 Ngoko ndaqala ukucinga, "Ndingenza ntoni?" Ngoko ndahambela phambili kancinane. Ndaza ndacinga, "Ngoku, yima. Xa bendicanda kulaa ntlambo yokuqala, umoya ubusebusweni bam, ngoko ke kufanele ukuba ndibe ndize ngale i-indlela. Kufuneka ndize ngale ndlela." Kwaye ndibhadule indlela ukuhla ukuya kumahlathi amakhulu, kodwa kange ndazi ukuba ndiphi na. Ndathi, "Owu!" Ndaqalisa ukuphaphazela. Ndaza ndacinga, "Yima umzuzwana, Bill, awulahlekanga," ndizama ukuziqhatha. Akungeke usiqhathe. Hayi, hayi. Esa sazela singaphakathi siyakuxelela ukuba uphazamile.

130 Owu, u—uzama ukuthi, "Owu, ndisindisiwe, ndihamba icawe." Musa ukuhlupheka, linda kude laa mandlalo wokufa uze, kwaye uyakwazi ukuba yahlukile. Isazela sakho siyakukuxelela. Into ngaphakathi kuwe ikuxelela ukuba uphazamile. 'Yabona? Uyazi ukuba ukuba ungafa awungeke udibane noThixo ongcwele. Njengoko siMbonile phezolo, kwanezithunywa ezingcwele kufuneka zibufihle ubuso bazo ukuma phambi kwaKhe. Uza kuma kanjani ngaphandle kweGazi likaYesu Kristu ukuze likugqume?

131 Ndacinga, "Owu, ndizakuya kufika." Ndaqalisa. Ndaza ndafumanisa ukuba ndisoloko ndisiva into. Ndaza ndaphaphazela. Ndaza ndacinga, "Ngoku, ukuba ndenza lonto, ndizakujuceka." Ngokuqhelekileyo yilento umntu olahlekileyo ayenzayo, uyajuceka ehlathini. Aze ke athathe umpu wakhe, azidubule; okanye awe emseleni ophuke umlenze, nanko ke elele apho, uyakufela apho. Ngoko ndacinga, "Ndiza kuthini?" Ngoko ndaqalisa ukuhamba.

132 Ndaze ndasoloko ndisiva into isithi, "Ndilolona Ncedo lukhoyo ngexesha lembandezelo." Ndaza nje ndaqhubeleka ndahamba.

133 Ndacinga, “Ngoku, ndiyazi ndiyaphambana kancinane ngoku, ndiva ilizwi lithetha nam.” Ndaqhubeleka ndihamba. Yaza ya “hu, hu, hu,” isebeza, uyazi. Ndacinga, “Ngoku, andilahlekanga. Uyazi ukuba undawoni mfana! Kwenzeka ntoni kuwe? Akunakulahleka. U-ungumzingeli olungileyo, akunakulahleka.” Ukuqhayisa, uyazi, ndizenze ukuba ndiziqhathe okokoko.

134 Akungeke uziqhathe. Ezantsi apha kukho ivili elincinane elijikelezayo, lisithi, “Ndodana, ulahlekile kwaye uyazi ukuba ulahlekile. ’Yabona, ulahlekile.”

135 Ndaqhubeleka ndihamba. “Owu, andilahlekanga! Ndiza kulunga. Ndizakuyifumana indlela yam yokuphuma.” Izinto ziqalisa ukukhangela ngendlela engaqhelekanga, imimoya iyavala. Ikhephu liqalisa ukuphephezela, umgraywana wekhephu elincinane, silibiza ngokuba “ngumkhwitsho.” Ndaza ndacinga ngenkosikazi nomntwana. Andi . . . ndacinga, “Owu, bethu!”

136 Ngqo ndayiva lanto kwakhona, yathi, “Ndilolona Ncedo lukhoyo ngexesha lenkathazo.” Kwaye nda-ndingumfundisi wevangeli ngoko, ndishumayela kanye apha emnqubeni.

137 Ngoko ndacinga, “Ndingenza ntoni?” Ndema, ndakhangela kuyo yonke indawo, kwaye kwakusele kukho inkungu phantsi ngoku. Nda . . . Yayiyilonto. Akukho nto yayinokwenziwa ngoko. Ndacinga, “Owu, ndingenza ntoni?” Ndacinga, “Mhlekazi, andifanelanga kuphila, bendisoloko ndizithembile kakhulu. Bendicinga ukuba ndingumzingeli, kodwa andinguye.”

138 Kwaye, mzalwana, ndasoloko ndiMthembile. Ukudubula, ndinodumo phezulu phaya. Umlobi, ndingolambathayo, kodwa bendisoloko ndiMthembile. Kwiinkcani, ndiyinkcani elambathayo, kodwa Undenze ndafumana udumo lwehlabathi kuko. ’Yabona? Ndadubula ixhama, amakhulu asixhenxe, asibhozo eeyadi. Ndafumana umpu phezulu phaya ndabulala umhlambi ongamashumi amathathu-anesihlanu eenyamakazi ngaphandle kokuphosa ngayo. Ungafunda nje ngalonto naphina, ukuba unako. ’Yabona? Ayindim, Nguye. NdaMthemba.

Ndandilapho, ndacinga, “Ndingenza ntoni? Ndingenza ntoni?”

139 Ndahamba . . . Lanto isondela ngokusondela, “Ndilolona Ncedo lukhoyo ngexesha lenkathazo, olona Ncedo lukhoyo.”

140 Ndacinga, “Ingaba nguThixo lowo uthetha nam?” Ndathula umnqwazi wam. Ndandinomnqwazi wam wokugada, itshefu ebomvu ibotshwe jikelele kuwo. Ndawubeka phantsi. Ndakhulula idyasi yam, yayifumile. Ndaza ndandlala idyasi yam phantsi, ndemisa umpu wam ecaleni lomthi. Ndathi, “Bawo osemaZulwini, ndiyaphambana, ndiva ilizwi lithetha nam. Nguwe? Ndathi, “Nkosi, ndiza kuvuma kuWe ukuba

andingomzingeli. Andinguye, a-andikwazi ukuyifumana indlela. Kufuneka undincede. Andifanelanga kuphila, kwakhona ndenze izinto endizenzileyo, ndingena apha ndicinga ukuba ndazi lukhulu ngako ukuba ndingaze ndilahleke. Ndifuna Wena, Nkosi. Inkosikazi yam ngumfazi olungileyo. Umntwana wam, inkwenkwe yam, umama wakhe ehambile, kwaye uzama ukuba ngumama kuye, kwaye ndisandul'ukutshata. Kwaye uyi, umntwana phaya ehlathini, bobabini bayakufa ngokuhlwanje. Laa moya uzakuhla malunga nangaphantsi kwamaqondo alishumi, kwaye abayikwazi ukuba mabaphile kanjani na. Bayakufa ngokuhlwanje. Musa ukubavumela ukuba bafe, Thixo. Ndithathe undise kubo, ukwenzela ukuba ndibasindise ekufeni. Ndilahlekile! Ndilahlekile, Thixo! A-andikwazi ukuyifumana indlela. Awunakunceda Undincede? Undixolele ngendlela yam yokuzicingela! Akukho nto ndinokuyenza ngaphandle kwaKho, unguMkhokeli wam. Ndincede, Nkosi."

141 Ndaphakama, ndaza ndathi, "Amen." Ndachola itshefu yam; idyasi yam, ndayithatha; ndabuyisela umnqwazi wam entloko; ndachola umpu wam. Ndathi, "Ngoku ndiza kuzilungisa ngeyona ndlela ilungileyo yokuhamba, eyona ilungileyo yokwazi kwam; kwaye ndiyakuhamba ngqo ngendlela enye, ngokuba ndihamba ndijikeleza isangqa kwindawo ethile, andazi ukuba kuphi na. Kodwa ndiyakuhamba ngendlela Ondixelela yona, Nkosi Thixo, Mkhokeli wam."

142 Ndaqala ukubheka *ngapha*. Ndathi, "Yiyo le, kwaye kufuneke ndizenze ndiyikholelwe. Ndihambe *ngalendlela*. Ndiyazi ukuba ilungile. Ndihamba ngqo *ngalendlela*. Andizukujika, ndihamba *ngalendlela*. Ndiyazi ukuba ilungile. Ndihamba *ngalendlela*." Ukuba ndandihambe ngalaa ndlela, ngendabheka ngaphandle ngaphesheya eCanada. 'Yabona?

143 Kanye ngelothuba ndeva iNto indichukumisa egxalabeni, isandla, yavakala ngathi sisandla somntu, ngokukhawuleza okukhulu ndade ndajika ndakhangela. Kwakungekho mntu wayemi apho. Ndacinga, "Ingaba ibiyintoni leyo?" Nantsi iBhayibhile ilele phambi kwam. UThixo, uMkhokeli wam noMgwebi, umi apha. Ndakhangela nje phezulu. Kanye ngqo emva *ngapha*, laa nkungu yathi nje yatyhila de ndibe nokubona uphondo encochoyini yeNtaba yeNkanyamba. Ndisimka kanye ngqo kuyo, ngobona buchule bokuzingela bam, ndandisimka kuyo, limka mpela ixesha ngorhatya olukhulu ngoko. Ndajika ngokukhawuleza okukhulu, ndizikhombisa ngolu*hlobo*. Ndabamba umnqwazi wam ndaza ndaphakamisa izandla zam, ndathi, "Ndikhokele undiweze, Thixo, unguMkhokeli wam wena."

144 Ndaqalisa. Ndandiza kunyuka ngqo iingxondorha nayo nayiphina enye into ukuze ndifikelele apho, kusiba sebusuku

ngakumbi. Kwaza kwamnyama. Amaxhama ayetsiba phambi kwam, nayo yonke into. Ndandingenakucinga ngayo nayiphina enye into koko ikukuzigcina ndisendleleni enye, ukunyuka kanye ngqo kule ntaba.

145 Kwaye ndazi ukuba ukuba ndingafika kolwa phondo, uMnu. uDenton kunye nam . . . Ndancedisa ekwenzeni ucingo lwefoni lunyuka ngalo ntwasahlobo. Saluhlomela olucingo lwefoni ukusuka kwiNtaba yeNkanyamba konke ukuhla malunga neemayile ezintathu ezinesiqingatha okanye ezine, ukuhla ngqo ukuya enkampini. Kwakhona yehla ngqo ngomzila omncinane, kodwa, ikhephu elalilapho, wawungenakuwuqaphela loo mzila. 'Yabona? Nomoya ubhudla nayo yonke into, kwakumnyama, noqhwithelo olunekhephu, lubhudla, wawungenakwazi ukuba undawoni na. Kulungile, into enye endandiyazi ukuba ndingayenza, emveni kokuba kwathi kwaba mnyama, kwaye ndandingazi . . . Ndiyazi ukuba ndandibheka cala nye, kwaye ndinyuka ngqo entabeni. Ngokuba ndandifanele ukuba ndinyuke intaba, nebhakane imiswe kanye encochoyini yentaba, kwaye ndandimalunga neemayile ezintandathu ukuze ndifike kuyo. Khawufane ucinge, laa nkungu ityhila, iimayile zintandathu, umngxuma nje omnye, de ndibe nokuyibona.

146 Ndaza ngoko nda—ndandizakuphatha umpu wam *kwesi* sandla, ndize ndisiphakamisele phezulu *esi* sandla, kuba ndandibethelele u—ucingo lwefoni phezu kwemithi njalo lusihla, iingcingo zefoni zisiya kuloo ndlu yenziwe ngemithi, ukwenzela ukuba athethe nenkosikazi yakhe, abe nokutsala umnxeba ukusuka apho, ukusuka entabeni. Kwaye ndandiza kumncedisa ukulusa ezantsi kolo kwindla. Ndaza ndaphakamisa isandla sam ngo*luhlobo*, ndisithi, "Owu, Thixo, makhe ndiluchathe olwacingo." Ndihamba, nengalo yam yayibabuhlungu, idinwe, ndandingenakukwazi ukuhlala ndiyiphakamisile, kufuneke ukuba ndiyiyeke ihle. Ndandiwutshintsha umpu ndiwubeke ngaphakathi *apha*; ndibuye umva iinyawo ezimbalwa ukwenzela ukuze ndiqiniseke ukuba andiyiphosi, ndize ke ndinyusele ingalo yam phezulu, ndiqalise ukuhamba, ndihamba. Limka lona ixesha, kusiba mnyama, umoya ubhudla. Owu, ndandibamba isebe, ndithi, "Nalo ke! Hayi, ayililo." Owu, lona, musa ukuyivumela inike isandi esingaqondakaliyo.

147 Emva kwethutyana, xa ndase ndilungele ukuncama, isandla sam sabetha into ethile. Owu, bethu! Ndifunyenwe, ekubeni bendilahlekile. Ndabambelela kolo cingo. Ndawuwisela kanye phantsi umpu, ndothula umnqwazi wam entloko, ndema apho. Ndathi, "Owu Thixo, kukuziva okunjani ukufunyanwa, xa ulahlekile." Ndathi, "Emazantsi kanye apho luphela khona olucingo, andisayi kuze ndiluyeke. Ndiyakubambelela kolu cingo. Luya kundikhokela ngqo apho konke phezu kweli

hlabathi okuthandekayo kum kulele khona, ezantsi kanye phaya. Inkosikazi yam nosana, bephakuzela, bengazi ukuba ndiphina, bengakwazi kubasa mlilo, bengazi ukuba bangenza ntoni na, nemimoya ibhudla, namasebe exhuzuka esiwa emithini." Ndandingenako ukuluyeka olo cingo. Ndabambelela kolo cingo de landikhokelela kanye ngaphakathi apho konke okuthandekayo kum phezu komhlaba kwakukho.

148 Eso yayisisehlo esoyikekayo, kwaye yayingamava amakhulu ukufumana indlela yokuphuma, kodwa yayingesiso nesiqingatha saloo nto. Ngenye imini ndandilahleke esonweni. Ndaya kwinkonzo emva kwenkonzo, ndizama ukufumana iNto. Ndaya kumaSabatha, andixelela ukuba, "Gcina iSabatha, yeka ukudla inyama." Ndaya kwibandla laseBhaptizi, ibandla lokuqala laseBhaptizi, wathi, "Phakama nje ubaxelele ukuba uyakholwa kuYesu Kristu uNyana kaThixo, ndakukubhaptiza ke, kuphelele apho." Kwakungekho nto. Kodwa ngenye imini, ngaphandle kwishedi encinane yamalahle, ndaphakamisela izandla zam phezulu, ndabamba iNto ethile; okanye, mandithi iNto ethile yandibamba. Yayiyintambo yoBomi, uMkhokeli. Kwaye Undikhokele khuselekileyo ukuza kuthi ga ngoku, andisokuze ndisisuse isandla sam kolo cingo. Ndizolulele kuYe izandla zam. Mazithi iinkolo, amahlelo enze nayiphina into ayifunayo, ndibambelela kuMkhokeli. Kuko konke okwakhe kwakhona emhlabeni kunye nako konke okuseMazulwini, oko kwakhe kwathetha ukuxabiseka kum, kusekupheleni kolu cingo. Undizise ngokukhuselekileyo ukuza kuthi ga ngoku, ndiya kuMthemba kuyo yonke indlela. "Xa athe Yena uMoya oyiNgcwele weza, Uya kunikhokela anikhokelele kuko konke ukuKhanya."

149 Zihlobo, Undizise kanye apho ndikhoyo namhlanje. Undenze lento ndiyiyo. NdingaMazisa ngovuyo kuni. NguMkhokeli ekuphela kwakhe endinento endiyaziyo ngaye, walapha phezu komhlaba okanye phezulu Phaya. UnguMkhokeli wam xa ndiyakuzingela. UnguMkhokeli wam xa ndiyakuloba. UnguMkhokeli wam xa ndithetha nomntu. UnguMkhokeli wam xa ndishumayela. UnguMkhokeli wam xa ndilele.

150 Kwaye xa ndisiza kufa, Uyakuba emi phaya emlanjeni, Uyandikhokela andiweze endleleni. Andisayi koyika bubi, ngokuba unam Wena. Intonga yaKho nomsimelelo waKho, ziyakundilungisa zindikhokelele ngaphesheya komlambo. Masithandaze.

151 Bawo Osemazulwini, ndibulela kakhulu ngoMkhokeli, Lowo Undikhokelayo. Owu, ngamanye amaxesha, Bawo, andiMva ekufuphi nam, ndibe noloyiko. NdiMfuna kufuphi nam ngokuba andilazi ixesha endiza kubaleka ngalo ndiye phezu komlambo. Ndifuna ukuba Abe kufuphi nam. Ungaze

undishiye, Nkosi. Andinakuthetha, andinakushumayela, andinakuzingela emahlathini, andinakuloba elunxwemeni, andinakuyiqhuba imoto yam, akukho nanye into endinokuyenza ngaphandle kwaKho. UnguMkhokeli wam. Indlela endivuyela ngayo ukuchaza kwelibandla ngokuhlwanje, indlela Ondikhokele ngayo kuzo zonke ezi zinto, indlela Othe wandizisa ngayo!

152 Bendicinga ngenye imini; kungekho ngaphezu kweminyaka embalwa edlulileyo, ndimi ezantsi apha estratweni, kwaye ngenxa yokuba usapho lwakuthi lwenza ngokungalungileyo, akukho namnye owayenokuthetha nam. Ndandililolo ndifuna ubudlelane. Akukho mntu wayefuna nto yakwenza nam. Bathi, "Uyise uthengisa iziyobisi ezingekho mthethweni." Kwaye, Nkosi, ngoko akukho namnye umntu owayefuna ukuthetha nam. Kwaye ndiyabathanda abantu. Kodwa ngenye imini ndathi ndakubamba loo Ntambo! Ngoku ndiyacinga, Nkosi, kufuneka ndike ndinyebelezele ndimke ndiye ngaphandle entlango ndifumane ukuphumla okuncinane. Yintoni eyenza oko? Ayisosidima, asiyomfundo; andinayo. Kodwa yayinguWe, Nkosi. Wena, Nkosi. Undenze ukuba ndiyichane kanye into ekujoliswa kuyo, Undenze ndabamba intlanzi enkulu, ngoba Ubusazi ukuba ndifuna ukuyenza loo nto. Undinike ootata noomama. Undinike abantakwethu noodade wethu. Undinike impilo yam. Undinike inkosikazi. Undinike usapho. UnguMkhokeli wam, Nkosi. Ndivumele ndibambe isandla saKho, ungaze undiyeke ndiphuncuke. Ukuba esinye isandla siyadinwa, ndakutshintsha nje izandla. Ndincede, Nkosi.

153 Kwaye ngoku wanga wonke ubani apha ngaphakathi angabamba kwaloo Ntambo yoBomi, Nkosi, uMoya oyiNgcwele obuBomi bethu, umthombo onika uBomi. Kwaye ungangasikhokelela sonke kula Mhlaba wolonwabo ngaphesheya, apho iinzima zobomi zidlulileyo nomsebenzi wethu wasemhlabeni ugqityiwe, kwaye akuyi kuphinda kubekho kuguga, kungekho bantu babuthathaka, kungekho busuku bakudinwa, kungekho kulila nakuthandaza, kungekho kubizela siguqweni, koko siyakuba batshaapho ngonaphakade, isifo nosizi aziyi kuphinda zibekho. Akuyi kuphinda kubekho sono, kwaye siyakuphila kubulungisa bukaThixo kuzo zonke izigaba ezizayo, kwiNaphakade elingapheliyo. Siphe oko, Bawo.

154 Kwaye ngoku, Bawo, ukuba kukho abathile ngaphakathi apha abangazange babambelele kuloo ntambo yoBomi, banga bangaYifumana khona ngoku. Kwaye unga uMoya oyiNgcwele Okhokeleyo . . . Kwaye ndingatsho ngentliziyo yam, isandla sam si-phezu kweLizwi laKho, Ubesoloko enyanisile. Ndiyaphosisa kumaxesha amaninzi. Kodwa Unyanisile. Makahlale Yena nam, Nkosi. Mandihlale naYe. Kwaye banga

nabanye abaphakathi apha, abangaMaziyo ngokuhlwanje, bangangabambelela kwisandla saKhe esingaguqukiyo, ukwenzela ukuba bakhokelelwe ezantsi.

155 Kwaye ngenye imini siyakuphumela emlanjeni. Kuza kubakho inkungu ngaloo ntsasa, kwakhona. Ulwandle oludala luyakube lugquma, iYordane endala, amaza amakhulu ehlasela, ukufa kufuthanisela kukhuphela ubomi ngaphandle kwethu. Kodwa, Thixo, A—andiyikoyika. Ndalungisa konke kwixesha elide elingaphambili. Ndifuna nje ukuthula isigcina-ntloko, njengejoni, ndijike, ndikhangele emva emazantsi endlela ndibona apho laa ntambo indikhokelele khona. Ndibone yonke loo ntlango ndigqithe kuyo, kunye naso nasiphina isiziba somthi olukhuni, kunye nemfumba yamatye endagruzuka kuyo, kodwa ndibambe uCingo. Njengoko Wathi, imbongi yatshoyo, "Abanye baphumela emanzini, nabanye baphumela kwizikhukula, abanye kwizilingo ezinzulu, kodwa bonke ngeGazi." Kwaye sizakuthatha Oku, iKrele elidala apha elandikhuselayo endleleni, siLiphindisele esingxobeni saLo, sikhwaze, "Bawo, thumela kuwele iphenyane ngale ntsasa, ndiza ekhaya." Uyakube Ulapho, Nkosi. Uyithembisile lonto. Awungeke uwe phantsi.

156 Usikelele wonke ubani olapha ngoku. Kwaye ukuba abayazi indlela yokubamba leNtambo, bengazange baYichukumise, zanga izandla ezingcwele zingaphakama ngoku, izandla ezifunayo, izandla ezinqwenayo, zichukumise intambo yoBomi eyakubakhokelela kwiminqweno yentliziyo yabo, uxolo ngokugqibeleleyo nokwaneliseka, baphumle kuKristu.

157 Nithobe iintloko zenu njalo, zingakhona izandla eziphakamayo zithi, "Mayibe ndim. Bamba isandla sam"? Owu, uThixo akusikelele.

Xa indlela iba sisizungu, Nkosi ethandekayo,
zula kufutshane,
Xa ubomi bam buphantse ukuphela;
Ndiyakuma emlanjeni, khokela iinyawo zam,
bamba isandla sam,
Bamba isandla sam, Nkosi ethandekayo,
ndikhokelele phambili.

158 Ingaba bakhona abanye abanokuphakamisa izandla zabo bathi, "Nkosi, ndifuna ukuva ukuchukumisa kwentambo yoBomi ngokuhlwanje. Ndifuna ukuva uYesu ukuba undixolele izono zam, kwaye ndifuna ukuba sisidalwa esitsha ukusukela kule yure ukubheka phambili"? UThixo akusikelele. Angakhona omnye othi, "MandiKuchukumise, Nkosi. Mandizilahlele"? UThixo akusikelele, dade. "Mandilahlekwe sisiqu sam, ndize ndisifumane, Nkosi, kuWe." UThixo akusikelele. UThixo akusikelele nawe. Ilungile lonto. "Mandizilahlele, Nkosi. Mandilibale." UThixo akusikelele, mzalwana. "Mandi . . ." UThixo akusikelele, dade.

“Mandilahle nje lonke ulwazi lwam.” UThixo akusikelele, dade. Sukuthembela ekuyileni okwenziwe ngabantu. Landela uMkhokeli, Uyakukukhokelela kuyo yonke iNyaniso. “Ndikhokele, Nkosi Yesu, ndikhokele.” UThixo akusikelele emva phaya. Owu, kukho izandla ezininzi eziphakamileyo, zifuna usindiso. Ngoku xa si, u . . .

159 Isibingelelo apha, akunakusibiza isiguqo, ngokuba abantu bahleli phezu kwaso sonke. Kodwa Ulapho kanye. Wazi kakuhle nangokulungileyo, ngethuba ubuphakamisa isandla sakho, into ethile entliziyweni yakho. UYesu wathi, “Lowo uwevayo amazwi aM akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade.” Ninyanisekile ngalonto? Ngoko likho iqula apha elizele ngamanzi. Kuzakubakho ixesha elaneleyo lokubhaptiza. Masithandaze.

160 Bawo wethu oseZulwini, lo myalezo mncinane waphukileyo ngokuhlwanje ngelizwi elisisitshotho, uMoya oyiNgcwele kufanele ukuba uye kwindawo ethile. Uye apho Ubumiselwe ukuya khona, kwaye baninzi, Nkosi, ngokuhlwanje, abalishumi elinesihlanu okanye amashumi amabini abaphakamise izandla zabo, besithi bamswele uMkhokeli. Bayaqonda ukuba bazama ukuziqhatha. Bazama ukuthi, “Ndilungile,” kodwa emazantsi bayazi ukuba abanjalo. Kwaye bafuna ukuKuva, Nkosi. Bafuna uMkhokeli. Bafuna ukubhalisa. Awuke usindwe. Bafuna ukubhalisela olu hambo. Abayazi indlela yokufikelela phaya. Akukho mntu uyaziyo indlela yokubasa phaya; nguWe kuphela. Beza kuMkhokeli onikezelwe nguThixo, uMoya oyiNgcwele. Baziphakamisile izandla zabo.

161 Owu Moya oyiNgcwele noMkhokeli, yihla phezu kwabo. Xolela nasiphina isono. Zixolele izikreqo zabo. Bangenise kuMzimba kaKristu ngokuhlwanje, apho banokuva khona umsinga kaThixo uqukuqela ngalaa Ntambo iyakubakhokelela ezantsi eYordane, nokuwela iYordane ukuya kwiLizwe ledinga. Banga bangalandela ngqo emva kweLizwi. ILizwi lathi, “Guqukani, nize nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu.” Banga abanakuzama ukuyenza ngolunye uhlobo. Banga bangalandela kanye emva kweLizwi, ngokuba nguYe Oyakukhokela. Lawo nga—lawo ngamanyathelo ekufuneka enyukiwe de sibambe uMkhokeli. Siphe oko, Nkosi. Banga bangangaBakho. Basezandleni zakho ngoku, njengeembasa, akukho mntu unokubasusa. Ndiyakholwa ukuba Uyakubathatha, njengabantu abasindisiweyo, ndiyakholwa ukuba baziphakamisile izandla zabo, bebengenakuyenza lonto ngokukokwabo ngaphandle kokuba iNto ethile ithethile kubo. Kwaye ibiNguwe, Moya oyiNgcwele noMkhokeli.

162 Bayabona ukuba iyure iyaphela, inkungu iyafika phezu komhlaba, iinkolo ezinkulu ne—nezinto ezinjalo ziyamanyana, amabandla ayamanyana, ayadibana. Kwaye, Owu Thixo, indlela abazama ngayo ukuthi, “Konke oko kunento

engaqhelekanga kuyakufuneka kumke apha kuye e-Alaska.” Kwaye zonke ezi zinto bagrogrisa ngazo, azintshanga kuthi, uMkhokeli omkhulu usibonisile oko kwindlela yeLizwi. Sidlula nje kuloo ndawo yaLo.

163 Bawo, Thixo, Uthethile nabo ngokuhlwanje, kwaye ndibanikela kuWe ngoku njengeembasa zeLizwi. EGameni likaYesu.

164 Ngoku, kulele phezu kwedesika apha, Bawo, ziitshefu, zezabantu abagulayo, usana oluthile oluncinane, mhlawumbi, umama othile, udade othile, umzalwana othile; kwanezipelithi ezincinane zihlatywa kuzo. Kwaye ngoku ndiyazibamba ndizisondeza kum. Ngoku, sifundisiwe eBhayibhileni ukuba bathatha besusa emzimbeni kaPawulos iitshefu nemibhinqo, baze baphiliswa abagulayo, imimoya engcolileyo yaphuma ebantwini. Ngoku siyaqonda, Nkosi, ukuba uPawulos wayengumntu, wayengumntu nje. Kodwa yayintambiso yoMoya oyiNgcwele eyayiphezu kwakhe eyazisikelelayo iitshefu, kwanokholo ababenalo abantu lokuba wayengumpostile waKho. Ngoku uPawulos ususiwe kuthi, kodwa hayi uMkhokeli, Yena uselapha. Kwaye, Thixo, ndiyacela ukuba Uzisikelele ezitshefu, kwaye wanga uMkhokeli angabakhokelela kuloo ndawo, okwa kuzinikela kupheleleyo.

165 Sixelelwe kwakhona ukuba xa uSirayeli wayalandela uMkhokeli wakhe, kwaye behlela kanye eYordane, kanye ezantsi (gxebe) kuLwandle oluBomvu. Kwakulendlela yomsebenzi inye bemiswa, waza uMkhokeli wabakhokelela ezantsi apho. Ngoba? Ukuze abonise uzuko lwaKhe. Kwaza xa onke amathemba emkile, uThixo wakhangela ezantsi ngalaNtsika yoMlilo, kwaye kwa noLwandle oluFileyo oludala loyika lwabuya umva, kwaza kwakho indlela eyenziweyo kaSirayeli yokuwelela kwilizwe ledinga.

166 Enyanisweni, Nkosi, Usengulaa Thixo mnye. Aba bantu mhlawumbi ngamaKristu, mhlawumbi basemgaqweni kanye womsebenzi, kodwa beziswe kule ndawo ivingcelweyo apho ukugula kubavingceleyo. Khangela ezantsi ngeGazi likaYesu ngokuhlwanje, ukuze uSathana oyike, abuye umva, baze abantwana baKho bedlulele kwimpilo elungileyo ethenjisiweyo. Siphe oko, Bawo. Ndizithumela ukusuka kumzimba wam ukuya kowabo, eGameni likaYesu Kristu.

167 Ndiphakamisa eli bandla phambi kwaKho, ngokholo ndilithabathela ngqo kwisibingelelo sobuqaqawuli bukaThixo phaya eMazulwini, apho wonke umnqweno wesifo, nantoni na engalunganga abanayo, nantoni na engalunganga ebomini babo naphina, Thixo, bacoce, benze babengabaKho. Baphilise, Bawo. Kwaye anga aMandla awavusa uYesu engcwabeni, angaphilisa imizimba yabo efayo abenze izidalwa ezitsha kuKristu. Banike impilo elungileyo namandla okuKukhonza.

168 Ndikhumbule, Owu Nkosi. Ndisisicaka sakho. Ndincede, ndimi ndiswele umthandazo. Kwaye ndiyacela ukuba uMoya oyiNgcwele usikhokele usisebenzise, usikhokele kude kube yimini esiyakubona uYesu Kristu ubuso ngobuso eKuzeni kwaKhe esebuqaqawulini xa sidibana naYe emoyeni kuXwilo. Sikucela eGameni likaKristu. Amen.

Ndiyamthanda, ndi . . . (Uyamthanda?)
Wandithanda kuqala
Watheng' usindiso lwam
EKalvar'emthini.

169 Ngoku, ukuba anithandani nibonene, niyakuMthanda njani Lowo ningambonanga? Ngoku xa sicula u-*Ndiyamthanda*, masibulise osecaleni kwakho ngesandla esishushu sothando.

Ndiyamthanda, . . .
[Umzalwana uBranham ubulisa abo bamngqongileyo. Aze athi, "UThixo akusikelele, Mzalwana uNeville."—Mhl.]
[Ibandla liyaqhuba licula.]
EKalvar'emthini.

Ngoku masiphakamisele izandla zethu kuYe.

Ndiyamthanda, ndiyaMthanda
Wandithanda kuqala
Watheng' usindiso lwam
EKalvar'emthini.

170 Malunga nengoma emnandi, ningathanda ukuva ibenye? Ndiyaqonda ukuba sinomculisi wengoma zevangeli apha osuka e-Indianapolis. Ndiyakholwa ukuba ucula kuMnquba iCadle. Kunjalo? Kulungile, mhlekazi. Leyo yindawo yakhe eMnqubeni eCadle. Bangaphi abamkhumbulayo u-E. Howard Cadle? Owu, bethu! UThixo awuphumze umphefumlo wakhe onexabiso. Intaka egculelayo yomoya, umfazi endandithanda ukumva evuma, ngcono kunaye nawuphi na umntu endake ndamva evuma ebomini bam, yayinguNksk. Cadle, ecula, u"Phambi kokuba ushiye igumbi lakho ngale ntsasa, uke wacinga na ukuthandaza eGameni likaKristu uMsindisi wethu, njengeKhaka namhlanje?"

171 Kanye ngaphaya kwesitrato phaya ngenye intsasa, kwityotyombe elincinci elidala elinamagumbi amabini, ndaphakama, ndandizakungena ndenze umlilo. Isitovu zange sifune ukuvutha. Ndaza ndazama ukusiqalisa, waza umoya wehla, wacimela lonto ebusweni kum. Kwaye kwakubanda, ndaye ndiphantse ukugodola kakhulu. Kwaye iqabaka igqume wonke umgangatho, ndabe ndihamba ngeenyawo; ndizama ukubasa esi sitovu sidala sincinci senkcenkce, sinombhobho omncinane wesitovu ngaphezu kwaso. Ndaza nje nda . . . uMeda nam sasisandula ukutshata. Kwaye ndandizama

iinkuni ezindala zazimanzi zingafuni kuvutha, kwaye ndandihleli apho, ndacinga, “Owu, bethu! Ndiza kusizama kwakhona.” Kwakufuneka ndiye emsebenzini, ndisivuthela isitovu esidala kanjeya. Ndaza ndathoba ngaphaya ndavula unomathotholo, waza waqala ukucula, “Phambi kokuba ushiye igumbi lakho ngale ntsasa, uke wacinga na ukuthandaza,” Ndawa nje emgangathweni, “eGameni likaKristu uMsindisi wethu, njengeKhaka namhlanje?” Owu, indlela endithanda ngayo ukumva loo mfazi ecula!

172 Xa ndiwela umlambo ngelinye ixesha, ndiyakholwa ndiyakumva uNksk. Cadle ehleli ngaphesheya phaya. Uyazi, ndihleli ndalenzayo idinga. Kweli cala lomlambo, kukho uMthi ohleli uluhlaza, uyazi, uMthi woBomi; kwaye ngaphaya kwelinye icala lomlambo, kukho ikwayala yeeNgelosi ecula imini nobusuku, kuba akukho busuku apho, kuculwa imini yonke, ’yabona. Ndiyakuzifumanela indawo ndihlale nje ndiwuphulaphule. Ndiyakholwa ndiyakumva uNksk. Cadle ngaphesheya phaya ecula.

173 UThixo amsikelele umzalwana wethu. Ndalilibala igama lakhe. Ngubani, mzalwana? UMzalwana uNed Woolman uzakuniculela ngoku. Mzalwana uWoolman, ndiyavuya ukuba ube lapha kunye nathi ngokuhlwanje. [UMzalwana uWoolman ucula IGumbi Le Ntliziyo Yam—Mhl.]

Umkhokeli, Umq. 6 Inani 2
(*A Guide*, Vol. 12 No. 7)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe ngokuhlwa umhla we-14 ku-Oktobha, ngowe-1962, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1997 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org